I-EDEN KASATHANA

Masiqubudeni. Thixo othandekayo, sinombulelo kuWe ngobubusuku ngeli thuba, lihle kakhulu lokuza kwakhona eGameni leNkosi uYesu, ukuqubisana notshaba lwethu, utshaba lwaKho, ngaphandle apha ethafeni ledabi; ngeLizwi, ukuba simdudule emke phakathi kwabantu baKho; ukuze babenokubona, ngobu ubusuku, Nkosi, ukuKhanya kweVangeli. Ndiyathandaza ukuba Uyakuthambisa amehlo ethu ngesithambisi-liso, ukuze abe nokuvuleka kwiNyaniso; ukuze sibe nokumka apha, sisitsho ngaphakathi ezintliziyweni zethu, "Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kwethu njengoko Ebethetha nathi endleleni?" Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo. Khuthaza abadangeleyo. Phakamisa izandla ezityhafileyo ezakhe zaphakanyiselwa phezulu. Sanga singajonga ekuZeni kweNkosi uYesu, ntoleyo siyikholelwayo ikufuphi. Sikucela oku eGameni likaYesu. Amen.

Hlalani.

2 Ndiyakuzama ukuba mfutshane namhlanje, ngokuba ndiyazi abaninzi basuka kwiingingqi ezahlukeneyo zelizwe, uku . . . besiza kukhonza; okanye bahlale, abanye benu, kwaye kufanele bajike, mhlawumbi iindlela ukubuyela emva. Kwaye ndiyanibulela. Ngale ntsasa bendifuna ukuva uMzalwana uNeville, ngokwam. Kwaye ndimvile amaxesha amaninzi, ndingazange ndamva nangaliphi ixesha kuphela koko ndimncomayo. Kodwa ngale ntsasa, laa myalezo usexesheni, ndiyazi ndinenkokhelo yeNkosi yokuphulaphula kokuya ngalentsasa. Entle kakhulu! Kwaye ndiyanibona kutheni nina bantu niyathanda ukuza kwaye nimphulaphule, kananjalo. Kwaye uyakusoloko enenzela okulungileyo, ndiqinisekile, ukuphulaphula kuye.

3 Bendizama ukuleqisa kwamanye amadliwano-ndlebe namhlanje; ngale ntsasa nale mva-kwemini. Ndisenamaninzi, namaninzi, okuqhubeka. Kwaye ndi . . .

4 Njengoko, ndiyakholwa, yayinguYitro waxelela uMoses ngelinye ixesha, wathi, "Kungaphezulu oku kuwe." Ke, sinabaninzi abazalwana apha kwiingxaki zakho. Kwaye ngamnye kubo ebefanelekile, kwaye zizinto ezintle ekufanelwe zihoywe. Kwaye ndiyakuxhasa umalusi wethu, okanye uMzalwana uMann, nabanye abalungiseleli beNkolo yethu apha. Ningaya kubo. Bayakunixelela kanye ngqo into enifanelwe niyenze; abanye abantu, abantwana babo; betshata ngaphandle, okanye izinto ezingalunganga. Kwaye la madoda anganinceda nje ngendlela ekwanye nje—njengamntu wonke ngamnye, kuba bazizicaka zikaKristu. Kwaye yiya kuwo, kwaye ndiqinisekile

aya—ayakuninika uncedo eniludingayo. Andikwazi kufikelela kubo bonke. Baninzi nje kakhulu, ndawo yonke uya kuyo. Zihlala zisanda zisiya zinyuka ngokunyuka, uyabona. Kwaye—kwaye ufuna ukufikelela kuye wonke ubani ngamnye kubo, kodwa akunakukwazi ukwenza oko. Kodwa ndiyathandaza ngokuzingisa ukuba uThixo, ngandlela ithile, iyakunisebenzela konke okulungileyo.

5 Ngoku, ngobubusuku, sifuna ukuya eSibhalweni, size sifunde inxalenye yesi Sibhalo kokuphuma kwiGenesis, isahluko sesi-3; kwaye nje sibhekiselele emva intwanana encinci kwizinto ezithile esibe sithetha malunga nazo, kumaxesha agqithileyo, size sibone ukuba iNkosi uYesu iyakusinika intwanana encinci ngaphezulu koko esiyakukwazi xa siphuma. Ndiyathandaza—thandaza ukuba Uyakuyenza.

> *Ke kaloku inyoka yaye* iyeyona *inobuqhopholo ngaphezu kwazo zonke izinto eziphilileyo zasendle abezenzile uYEHOVA uThixo. Yaza yathi kumfazi, Aha, útshilo* na uThixo *ukuthi, Ze ningadli kuyo yonke imithi yomyezo?*
>
> *Waza umfazi wathi kwinyoka, Eziqhameni zemithi yomyezo singadla:*
>
> *Ke eziqhameni zomthi osemyezweni phakathi, UThixo uthe, Ze nigadli kuzo, ze ningazichukumisi, hleze nife.*
>
> *Yaza yathi inyoka kumfazi, Ngokuqinisekileyo anisayi kufa:*
>
> *Kuba esazi* uThixo ukuba *mhlana* nithe *nadla kuzo, oqabuka amehlo enu, nibe njengoothixo, nazi okulungile nokubi.*
>
> *Kwaye xa wabonayo umfazi ukuba umthi ulungele ukudliwa, nokuba uyakhanukeka emehlweni, ingumthi onqwenelekela ukuqiqisa, wathabatha eziqhameni zawo, wadla, waninka nendoda yakhe inaye; yadla.*
>
> *Aze amehlo abo bobabini aqabuka, bazi ukuba bahamba zé; baze bathunga amagqabi omkhiwane, bazenzela imibhinqo.*

6 Yanga iNkosi ingongeza i. . . Ezayo iintsikelelo ekufundweni kweLizwi laYo. Ngoku ndingathanda ukuthabatha isiqendwana ngobubuku, kokuphuma koko, ndize ndisibize: *I-Eden kaSathana*. Erhabaxa kakhulu encinci into yokutshiwo, yayo, i-*Eden kaSathana*. Ngahlobo luthile iyanxibelelana, kobunye ubusuku bangeCawa, ndiyakholwa, xa ndandithetha kuni apha malunga ne *Intluzo Yendoda Ecingayo*, nenkcasa yendoda engcwele.

7 Kwaye ngamanye amaxesha ezi ntetho zirhabaxana zincinci iimvakaliso zisisa kwinto ethile; zisenza sifundisise, kwaye ikubeke ekufundeni iLizwi. Kwaye yilonto endifuna lonke

ibandla lam liyenze. "Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo." Ke, funda iLizwi; Lifundisise. Kwaye Lifundisise ngamehlo kaThixo, ukunika ukuqonda kobukrelekrele bakho okwendlela ekufuneka siphile kulosuku lwangoku.

8 Ngoku ukuhla, ngobubusuku, nje ukuthetha kuni, ukuthi, "Kulungile, ndingenza *oku* okanye *okuya,* . . . "

9 Ndiyathanda ukuthetha nabantu, kangangoko ndingathanda ukugoduka nkqu kunye namnye kuni ngobubusuku. Ndi . . . UThixo uyazi ukuba oko kuyinyaniso. Ndingathanda ukugoduka kunye namnye kuni, kwaye—kwaye nditye—nditye isidlo sakusasa kunye nani kusasa, kwaye—kwaye—kwaye ndiphume ndizingela oonomatse kunye nani ngomso emva kwemini, yabona. Ndi—ndingathanda ukukwenza oko, kodwa a—andinakho ukukwenza oko. Kwaye ndingathanda ukugoduka ndize ndihlale nje phantsi nani; ndihlale everandini emva kwenkonzo, ndize ndithethe nani ithutyana, ndithethe kuni malunga nentlalo yenu namalunga noThixo. Ndingathanda ukukwenza oko. Amadoda nabafazi apha; uThixo uyazi ndiyathanda ukukwenza oko, kodwa andikwazi kukwenza oko. Yabona, kukho nje okona—okona kutsala noxinzelelo.

10 Kwaye—kwaye kwesisigaba siphakuzelayo esiphila kuso . . . Kwaye ndingumntu ophakuzelayo, ngokwam. Namhlanje ndiyenze ingcinga yam yaxunela kokuthile, "Ndifanele ndiyenze," kwaye ngomso izizigidi zeemayile ukusuka kum; okuthile kunqumle kwaze kwenza *oku* n*okuya*. Kwaye unexesha, uzama ukugcina iingcamango zakho zihlangene.

11 Kodwa eyona mpumelelo yam kukushumayela iVangeli ngeBandla, nokwenza konke endinokwenza ukuzisa uzuko kuYesu Kristu kulo mhla, ngelixa ndiselapha emhlabeni, nokuba leliphi ixesha elindishiyekeleyo apha emhlabeni. Ndizoku—kuzama ukutsho okuthile kuni okuya kuninceda; okuthile. Ndifundisisile emva kokuba ndigodukile ngale ntsasa. "Yintoni endinokuyitsho ngobubusuku, Nkosi, enokunceda aba bantu?"

12 Ndimamela kulaa myalezo mkhulu ngale ntsasa kwi . . . uMzalwana uNeville asizisele wona, malunga . . . Ndicinge ube ngomangalisayo, indlela ayitsho ngayo phaya, "Ugqirha uyakuxilonga ingxaki; kodwa umntu oza nesitya sizele ziinaliti, unika inaliti." Ke ndacinga leyo ngenene ibe ye—yentle ngenene imvakaliso encinane. Ndacinga malunga noko, "Incindi yegazi, emva kokuba ingxaki ixilongiwe." Ke leyo yinto entle kakhulu.

13 Ndifune ukuthetha okuthile kuni, ukuzisa okuthile ukukhanyisa kuni isithembiso sikaThixo sesi sigaba. Yabona? Okuthile, hayi okuthile athe ubani ongomye wayekuko komnye umhla, kodwa okuthile . . . kwaye xa . . . Zona izinto zonke zilungile; sonke sibhekiselela kwezo zinto. Kodwa ndacinge ukuba ndiyakuzama ukuzisa okuthile ezingcingeni zenu, ngezi

Zibhalo ndinazo zibhaliwe apha, eziyakunikhanyisela, ukuze nazi, zinenze amajoni angcono ethafeni enilwela kulo ngoku; ukuze nifunde amacebo otshaba, ukuze nikhusele yonke into phambi kokuba ifike kuni, yabona. Leyo yeyona nto, kukufunda ukugcina i—izithonga kude kuni, kangangoku ninakho.

14 Ngoku, masijonge ngoku koku kukhulu . . . okwemizuzu embalwa, le inkulu, imini yesono esiphila kuyo ngoku. Andikholwa lwakhe lwakhona usuku endakhe ndafunda ngalo kwimbali . . . Kube kukho imihla emikhulu yentsutshiso, xa abantwana bakaThixo babebulawa nkalo zonke. Kodwa ukubona ukukhohlisa kotshaba, asizange sibe nomhla onje ngalona esiphila kuwo ngoku. Ngowona unobuqhopholololo, okhohlisayo umhla. Kwaye xa ndibona oko, kuzisa oku, okokuba, umKristu kufanele ngenene ame ngenzwane namhlanje kunokuba wakhe wanjalo nakwesiphi isigaba.

15 Ngoku, emva kwimihla yentshutshiso, yeRoma, eBandleni; umKristu wenza impazamo, wayesiya enkundleni aze atyiswe iingonyama, okanye okuthile okunjalo, xa befumana ukuba ngumKristu ngenxa yobungqina bakhe. Kodwa umphefumlo wakhe usindiswe, ngokuba wayengcwele, elingakrexezwayo ikholwa kuThixo, kwaye ngovuyo litywine ubungqina balo ngegazi lwalo. Njengoko imithambo, okanye imingxunya emzimbeni walo, negazi litsaza, beliyakukhwaza, ngolona kholo lwentembeko, lithi, "Yamkela umoya wam, Nkosi Yesu!"

16 Kodwa, ngoku, ubuqhopholololo bomtyholi ngoku, kubenza abantu bakholwa ukuba bangamaKristu ngelixa bengengawo. Nantso lento. Akudingeki ukuba utywine . . . Yi—yimini engaphezulu ngobuqhopholololo kunokuba inokubanjalo, kunexa wawufaneleke utywinele obakho—obakho ubomi ngobungqina bakho. Umtyholi ubeke sonke isabatha sobuqhopholololo anokuba nakho, uku . . . Ngumkhohlisi. Kwaye uYesu wasixelela, kuMateyu 24, indlela lo mhla esiphila kuwo uyakuba njalo, owona ukhohlisayo umhla owakhe waphilwa, "isondelelene kakhulu kangokuba ibinokulahlekisa nabaNyuliweyo bakaThixo ukuba bekunokwenzeka ukuba abakhohlise."

17 Ngoku masithelekise ezinye iZibhalo, okanye iziprofeto ezithethiweyo eBhayibhileni, ngokubhekisele kulo mhla, size sithelekise nomhla esiphila kuwo ngoku.

18 Owesibini uTimoti isi-3, sifunda oku, ukuba isiprofeto sathi, okokuba, "Kuyakwenzeka ngale mihla, ukuba abantu baya kuba ngabazithandayo, abaphakamileyo, abathandi beziyolo kunokuthanda uThixo." Thelekisa oko ngoku, nje umzuzu. Asinakho . . . Siyakuyithi gqaba-gqaba nje, ngokuba asinaxesha lininzi lokuqhubeka nayo njengoko kufanele siyithathe; kodwa nje ukwenza amagqabantshintshi ayo, ukuze ke ube nokubona xa ufika ekhaya uyifundisise. "Abazithandayo, abaphakamileyo, abathandi beziyolo kunokuthanda uThixo;

abangenatarhu, abatyholi, abangenakuzeyisa, izibhoja." "Ngoku uMoya uthethe cacileyo ukuba ezi zinto ziyakuba kwimihla yokugqibela." Okokuba yile mihla, isiprofeto sithetha ngayo.

19 Ngoku siyafunda, kananjalo, kwiSityhilelo . . . 14, iSityhilelo 3:14, gxebe, Isigaba seBandla laseLawodike, okokuba indlela ibandla liyakuba yiyo kulo mhla wokugqibela. Kwaye iyakuba njalo, Sithi, "Liyakuhlala njengomhlolokazi kwaye engadingi nto. La—lalityebile, kwaye lizityebisele, kwaye lingazi ukuba lilihlwempu, usizana, udwayinge, imfama, kwaye lize, kwaye lingayazi lonto." I. . . Ngoku, khumbula, Uthetha kwibandla lalo mhla, "udwayinge, imfama, lize, kwaye lingayazi lonto." La ntetho yokugqibela, elaLizwi lokugqibela, lelona liyenza icace. Bacinga bazaliswe ngenene nguMoya, bakulungele bonke. Isigaba seBandla laseLawodike sisigaba seBandla lwakwaMoya, kuba sisigaba sebandla lokugqibela. ULuther wayenomyalezo wakhe; uWesley wayenomyalezo wakhe; kwaye nabakwaMoya babenomyalezo wabo.

20 Kananjalo, Sithi, okokuba, "Ngokuba udikidiki, akushushu okanye akubandi," imvakalelo zangaphandle, uqulunqo lwengqondo ngeVangeli; "ngokuba," Wathi, "ungaloo ndlela, ndiyakukutsica ndikukhuphe emlonyeni waM." Ngamanye amazwi, yamenza Wagula ukubona ibandla likula meko.

21 Kwaye, khumbula, bamtsica Yena; kwaye Wayengaphandle kwebandla, ezama ukubuyela ngaphakathi, kwesa Sigaba seBandla laseLawodike sibi kakhulu.

22 Uthixo wesi sigaba namhlanje, umntu onqulwayo welihlabathi namhlanje, nguSathana. Kwaye abantu abahoyi ukunqulwa kukaSathana, kodwa nguSathana ezifanisa njengebandla, yabona, njengebandla. Banqula uSathana, becinga banqula uThixo ngebandla, kodwa yindlela uSathana ayenze ngayo.

"Owu," uthi, "kodwa linda umzuzu; sishumayela iLizwi."

23 Jonga emva apha kwisiqendwana sam, ngobu busuku. USathana ngulowo washumayela iLizwi ku-Eva, kuqala, "UThixo utshilo," yabona.

24 Kokwakugqwetha laa ndawo yeSibhalo ebhekiselele kumhla. Uyakwenza wazi konke awakwenzayo kwakugqibelele kakuhle. Uyakwenza wazi konke awakwenzayo uMoses kwakugqibelele kakuhle. Kodwa xa uthatha izithembiso abazinikayo ezingalo mhla, ngoko Ezo yayizesesinye isigaba. Kuko konke afanele akwenze, yabona, kukwenza abantu baLikholelwe ngalo ndlela, kwaye kuko—kuko konke. Kuba, "Akunakususa nalinye iLizwi kuLo, okanye wongeza nalinye igama kuLo." Kodwa yilonto ayenzayo.

25 Abantu, ngokungahoyi banqula uSathana, becinga banqula uThixo; njengoko silumkisiwe sisiprofeto, Kwawesibini

amaTesalonika. Okokuba, masifunde nje oko, aweSibini amaTesalonika, isahluko sesi-2. Masiyifumana nje okomzuzu, ukuba ndinganakho, kanye ngoku. Ndingathanda ukufunda oko. Nje, ndiyakholwa, aweSibini amaTesalonika. Ndinaso iSibhalo apha. KwaweSibini . . .

> *Ngoku siyanicela, bazalwane, ngenxa yokuza kweNkosi uYesu . . . nokuhlanganiswela kwethu kuyo,*

26 Ngoku, yabona, "ukuza kweNkosi, nokuhlanganiselwa kuYo," njengoko uThixo ayakuhlanisela abantu Bakhe kuYe kwimihla yokugqibela. "Ukuhlanganiselwa kwabantu kwiNkosi," hayi ecaweni, "kwiNkosi; ukuhlanganiselwa ngokudibeneyo kuYe."

> *Ukuze ningashukunyiswa kwakamsinya engqiqweni* yenu, *okanye . . . nizanyazanyiswe—nizanyazanyiswe, nangamoya, nokuba . . . ilizwi, nokuba yincwadi ngathi isuka kuthi, ngokungathi . . . imini* yeNkosi *iselingene*.
>
> *Makungabikho bani unilukuhlayo nangalunye uhlobo: ngokuba ayinakufika yona, lungakhange lufike ulahlo kuqala, aze lamntu wesono* ("umntu wesono," qaphela into ayiyo ngoku)*, umntu wesono atyhilwe, unyana wentshabalalo,* (lowo yayinguYuda, yabona)*;*
>
> Lowo uchasayo *u*ziphakamisayo *ngaphezu kwento yonke ekuthiwa nguThixo, okanye enqulwayo; ngokokude yena njengoThixo azihlalise etempileni kaThixo, ezibonakalisa ukuba unguThixo*.

27 La nkohliso yebandla lanamhlanje! Yabona, "unyana wentshabalalo," umtyholi. "Unyana wentshabalalo," umtyholi. Ngoko, abantu banqula uSathana kulo mhla, becinga banqula uThixo. Kodwa bamnqula yena ngemvumo-nkolo, enziwe ngabantu amahlelo neemvumo-nkolo ezibazise abantu kanye ezantsi kweyona nkohliso elakhe ihlabathi layazi. Akukhathaliseki likangakanani iLizwi likaThixo elithenjiselwe lo mhla, lishunyayelwe kwaye lingqinelwe, nakuba kunjalo abasokuze baLikholelwe. Abasokuze baLikholelwe.

28 Ngoko kutheni? Siyamangaliswa kutheni. Kutheni kungenzeki; kutheni bengasayi kuLikholelwa? Ngelixa uThixo ethe Uyakwenza into ethile, aze Ayenze, baze futhi bajike kuyo bamke. Nje kanye ngo-Eva wakwaziyo oko akutshiloyo uThixo, uThixo uyakukwenza; kodwa wajika kuyo, ukuze aphulaphule koko ayakukutsho.

29 Khumbula nje, kwezinye izigaba, yabasoloko ingendlela enye. Kuso sonke isigaba, yabasoloko ingulaa Sathana ezama ukugqwetha iLizwi kubo, ebenza babone esinye isigaba.

30 Khangela, xa uYesu esiza, yabona, uSathana waye ekwelaa gquba labefundisi bamaYuda, noorabhi nababingeleli, ezama ukubaxelela ukuba bagcine umthetho kaMoses, ngelixa elona

Lizwi litshilo ukuba ngaloo mini uNyana womntu uyakutyhilwa, yabona, ukuba Uyakuzityhila Yena. Ke babezama, okoko nje babezigcine benenkolo, nasemthethweni kaMoses. Bona awakwenzayo? Wayezama ukubaxelela, "laa ndawo yeLizwi ilunge ngokuchanekileyo, kodwa le Ndoda ayinguye laMntu." Bona indlela angumkhohlisi ngayo? Leyo ngulaa mhla wenene wenkohliso.

31 Ibe njalo, kwaye injalo ngoku, uSathana eseka ubukumkani bakhe emhlabeni. Eso sesosizathu eyenza lonto, kuba ufuna ukuseka obakhe ubukumkani.

32 NjengosomaShishini, ongengomKristu, uyakwenza lonke iqhinga anakho ukukwenza ubone okuthile ngendlela engalunganga. Ukuba yena une—unejongo nokuzakuxhanyulwa nguye ekukwenzeni wenze oko, ekwenza ubone ngalaa ndlela, uyakukubonisa yonke into anakho, akugcinele kude enyanisweni yayo, ngokuba ucingela nje isiqu sakhe. Akukhathaliseki nokuba uxoka kwaye eqhatha kangakanani, nantoni engaphezulu, unokuzakuxhanyulwa nguye.

33 Kwaye seso sizathu uSathana ekwenzile oku. Kwaye usebenze ngolungiselelo ekuyenzeni lonto, njengoko uThixo uyakuyenza. Ngoku, uqalise ngenkohliso yenkolo e-Eden, kwaye uqhubekile ukusukela ngoko.

34 Hayi ngokubeka igquba lamakomanisi. Amakomanisi awananto yakwenza noku. Libandla, kulapho kufanele niqaphele khona, yabona. Asingoma—asingomakomanisi ayakulahlekisa nabaNyuliweyo. Libandla eliyakulahlekisa nabanyuliweyo, yabona. Asingomakomanisi; siyazi aphika uThixo, kwaye angabachasi-kristu, ngokuqinisekileyo angabo, ngokomqathango, kodwa awa*ngo*mchasi-kristu. Umchasi-kristu yinkolo, inkolo yenene, kwaye ingacaphula iSibhalo, kwaye Isenze sijongeke ngokucacileyo.

35 NjengoSathana awenza ngayo emva phaya ekuqaleni, wacaphula yonke into kanye ukuhla, "Utshilo uThixo, 'Akusayi kutya wonke umthi emyezweni.'" Yabona, ecaphula kakuhle.

36 Wathi u-Eva, "Ewe, singatya kuyo yonke imithi yomyezo, kodwa kukho umthi womyezo athe uThixo singawutyi, kuba, hayi nkqu nokuwuchukumisa; kuba, ngamini sikwenzile oko, ngaloo mini siyakufa."

37 Wathi, "Owu, ngokuqinisekileyo aniyi kufa. Kodwa mandikunike isizathu kutheni uThixo okutshilo oku, kungokuba . . ." Yabona, yena ngoku intoni? Wachaphula lenyaniso, yabona. Wathi, "Iyakuvula amehlo enu, kwaye iyakunenza nazi okulungileyo nokubi. Niyakuba njengoThixo emva koko, ukuba ninokuyenza."

38 Oko koko afuna ukukwenza, kwaye oko yinto ekwanye azama ukuyenza namhlanje. Kube kukho inqatho yenkolo kwasekuqaleni e-Eden, kwaye ibesoloko injalo. Ngexesha

lika-Adam, yayiyinqatho. Ngexesha likaNowa, yayinqatho. Ngexesha likaYesu, yayiyinto ekwanye. Kwaye ngoku yinto enye, indlela enye, inkohliso yenkolo!

39 Ngoku, siyakuqaphela umhlaba, xa uThixo wayewenze waphantsi kolawulo. Ngoku, wawenza waphantsi kolawulo . . . wawenza waphantsi kolawulo lwakhe. Emva koko xa uSathana wathabathisa, ngokwala iLizwi likaThixo. UThixo ngaxa lithile wayewenze umhlaba waphantsi kolawulo Lwakhe. Wawubeka kwisangqa sawo. Wawubeka, wawenza wasebenza. Wenza yonke into, wayenza yaphantsi kolawulo lwakhe. Ngoku siyakuthelekisa oko kunye nasemva kokuba uSathana ethabathelisile ulawulo.

40 Ngoku, kwamthatha uThixo amawaka amathandathu eminyaka. Akumthathanga ixesha elide, kodwa Wathatha ixesha elide. Amawaka amathandathu eminyaka, ngokuba sifundisiwe ukuba "usuku olunye eZulwini liwaka leminyaka emhlabeni," kwaye yayingamawaka amathandathu eminyaka, okanye iintsuku ezintandathu awathi uThixo wakha ihlabathi. Ngoku, kwamthatha uThixo amawaka amathandathu ukuliseka, ukutyala kulo imbewu elungileyo nokuvelisa yonke into ngokohlobo lwayo. Yonke into mayivele ngokohlobo lwayo. Zonke iimbewu Zakhe zazilungile, kwaye ke kufanele ivelise ngokohlobo lwayo. UThixo wathatha amawaka amathandathu eminyaka.

41 Ekugqibeleni, xa Wakwenza konke, kwaye ekugqibeleni thina . . . ekugqibeleni ifike nekomkhulu lawo, lehlabathi, kwindawo entle empuma ye-Eden, ebizwa umyezo we-Eden. UThixo wenza ikomkhulu lehlabathi emyezweni we-Eden, eYiphutha, kanye ekupheleni kwempuma yomyezo yayilikomkhulu.

42 Kwaye phezu kwemeko yonke, wabeka unyana Wakhe nomfazi wonyana Wakhe, phezu kwayo yonke. Injalo lonto. Yilonto uThixo wayenzayo. Wababeka kulawulo olupheleleyo. Babeyakuthetha kwimimoya, ize iyeke ukubhudla. Babeyakuthetha kumthi, kwaye usuka *apha* uye *phaya*.

43 Ingonyama nengcuka zazisitya kunye, nemvana ingqengqe kunye nazo. Kwakungekho bubi. Yayiluxolo olugqibeleleyo, intsebenziswano epheleleyo, yonke into igqibelele, kwaye xa uThixo eyenze yaphantsi kolawulo Lwakhe. Kwaye qaphela, WayeneYakhe . . . Wayenehlabathi Lakhe, Wayenako konke kusebenza. Wayenento yonke isiza. Yonke into isidla imifuno; kungekho nto ifayo, kungekho nto yonakaliswayo, kungekho nto yoniwayo. Kungekho nto . . . Kwakugqibelele nje.

44 Kwaye phezu kwayo yonke, Wabeka abathandayo abantwana Bakhe, unyana Wakhe nentombi Yakhe, umyeni nenkosikazi, ukuba bawulawule.

45 UThixo wayeneliseke kakhulu! “Waza Waphumla emisebenzini Yakhe yonke, kusuku lwesixhenxe,” waza walingcwalisa elisuku lwesixhenxe njengesabatha yaKhe.

46 Ngokuba, uThixo wajonga phezu kwako konke, emva kokuba kubengamawaka amathandathu eminyaka elibumba elilungisa, elenza libekho; ebeka iintaba phezulu, kwaye esenza inyikima zinyusele iintaba phezulu, nezinto ezenzekayo kugqabhuko-dubulo; womisa, waza Wayilungisa ngendlela anako. Kwaye yayiyindawo entle.

47 Kwakungekho nto inje ngayo, iparadesi enkulu kaThixo! Kwaye nezinkulu idinosaurs, nantoni ngaphezulu, zirhubuluza kuyo, kwaye nezilwanyana ezikhulu; kungekho kuva buhlungu. Zazilunge okwamantshontsho ekati. Zazingenanto kwaphela; kungekho—kungekho kugula, kungekho ntsizi; kungekho nasifo emhlabeni. Owu, enjani indawo!

48 Intaka ezinkulu zibhabha ukusuka kumthi ukuya kumthi, no-Adam enokuzibiza ngamagama, kwaye beziya kubhabhela egxalabeni lakhe zize—zimculele. Kwaye, owu, enjani ukumangalisa indawo uThixo wayenayo!

49 Waza emva koko wenza imfuza esuka eMzimbeni OngoWakhe. UThixo uneemfuza eMzimbeni Wakhe.

50 Ngohlobo, uyimfuza kayihlo. Kwaye, uyaqwalasela, wawukuyihlo-mkhulu kayihlo-mkhulu. Kodwa, kokuya, uthi, siyakuhla nayo kokufana nawe noyihlo. Ngoku, akwazanga nto xa wawukuyihlo. Imbewu yobomi isuka kwiduna. Iduna lineseli yegazi; umfazi une—uneqanda; ngoku, ngoko ke, iseli yegazi inobomi kuyo. Kwaye, ngoko, wawukuyihlo, eneneni wawungazinto malunga nayo. Kodwa, noko, inzululwazi neLizwi likaThixo lingqinisisa ukuba wawukuyihlo, kodw wawungazi kwanto malunga nayo.

51 Kodwa ngoko uyihlo wayenqwenela ukukwazi. Kwaze ngokuhlangana ngonxibelelwano nonyoko, emva koko waziswa kuyihlo. Ngoku, uyimfuza kayihlo. Ujongeka njengaye, kwaye unamalungu omzimba wakho afana noyihlo.

52 Ngoku, yiloo ndlela uThixo wayeyiyo ekuqalekeni. Wonke unyana kaThixo nayo yonke intombi kaThixo yayikuThixo ekuqalekeni. Akuyikhumbuli yona ngoku, kodwa wawulapho. Úyayazi lonto. Kwaye Wafuna wena ubenjalo ukuze Yena aqhagamshelane nawe, athethe nawe kwaye akuthande, kwaye axhawule izandla zakho.

53 Akufuni unyana inkwenkwe yakho . . . Asiyomini inkulu xa inkwenkwe yakho inokuza ekhaya ihlale phantsi etafileni? Xa ibuya kwitafa ledabi, okanye into ethile engenye, engxwelerhekile; indlela obuya kulungisa ngayo isidlo; uxhele elityetyisiweyo ithole, okanye nantoni ngaphezulu, umlungiselele! Yinyama negazi elilelakho, kwaye wayekuwe. Wawungamazi ngoko, kodwa wawusazi ukuba wayephaya.

54 Kwaye ke uThixo wazi ukuba siyakuba lapha, kodwa ngoko
Wasibeka enyameni ukuze sibe nokuqhagamsheleka. Okokuze
Abenakho ukuqhagamshela, Waba ngomnye wethu xa Waba
nguYesu Kristu, uNyana kaThixo Ngokwakhe, ingqibelelo
yokubonakaliswa kukaThixo. Ngoko ke leyo yayiyijonga
kaThixo, ukudandalazisa iimpawo Zakhe ebudlelwaneni.

55 Xa ndandikubawo, ndandingazi nto malunga noko.
Kodwa xa ndaba ngunyana wakhe ndaza ndazalwa nguye,
ndandiluphawu lwakhe, inxalenye kabawo. Kwaye uyinxalenye
kayihlo.

56 Kwaye njengabantwana bakaThixo, siyinxalenye yophawu
lukaThixo elwalukuYe, elenziwe inyama njengoko Wenziwa
inyama, ukuze sibe nobudlelwana omnye nomnye, njengosapho
lukaThixo phezu komhlaba. Kwaye oko yayiyinjongo kaThixo
ekuqalekeni. Ewe, mhlekazi. Yilonto uThixo wayifunayo
ekuqalekeni.

57 Wenza into yaba phantsi kolawulo. Kwaye wamsa umntu
emyezweni i-Eden, njengonenkululeko yokuzikhethela; wathi,
“Nyana, yeyakho.”

58 Enjani ukubantle indawo! UThixo wayeneliseke kakhulu,
de Wabuyela emva waphumla kuyo yonke imisebenzi Yakhe.
Wonke umthi awuzange uvelise ameva nenkunzane. Akukho
maqunube awakhe aphuma emthini onameva. Yonke into
yayigqibelele. Zonke iimbewu zazigqibelele. Yonke into
yayikwimo egqibeleleyo.

59 Kwaye xa Waya kuphumlo oluncinci, utshaba lwakhe
lwachwechwa lwangena nenkohliso, lwathabathela kulo,
ngokutolika ngokuphosakeleyo inkqubo Yakhe ebantwaneni
Bakhe. Xa, Wabeka ithemba kubantwana Banke Yena; njengoko
ubeka ithemba kwintombi yakho xa iphuma ngobusuku
kunye nendoda; xa ibeka themba kunyana wakho xa kufanele
ahambe nenkwenkwe eselayo okanye inkwenkwe etshayayo.
Yabona, Wabeka ithemba kunyana Wakhe, okokuba akasayi
kwenza nenye into engalunganga, kwaye uyakugcina lonke
iLizwi Alitshiloyo. Kodwa utshaba lwanyebeleza; njengeliya
lingqombela linyhukunyhuku eliyakuthatha intombi yakho
liziphathe kakubi; okanye—okanye umfazi othile ayakuthatha,
ahambe nonyana wakho, kwaye into ekwanye. Yabona,
wanyebelezela. Utshaba lukaThixo lwanyebelezela lwangena
lwaze lwatolika ngokuphosakeleyo iLizwi ku-Eva.

60 Ngoku, yena, ngoku kuwa, yabhukuqa yaza yaxutha
umyezo wase-Eden, ngokwakhe. Wabubhukuqa. Kwaye ngoku
unamakhulu amathandathu eminyaka yolawulo lwenkohliso;
ekhohlisa abantu, abantwana bakaThixo, njengoko wenzayo.
Ngokuba, babesekelezelwe kwinkululeko yokuzikhethela,
yokwenza nangayiphi indlela abayinqwenelayo. Kwaye
ekholwa ukuba bayakwenza kakuhle, okanye ethemba ukuba

bayakwenza kakuhle, emva koko baza nesenzo esingalunganga, bathengisa ngobuzibulo babo, njengo-Esawu wenzayo, ngenxa yehlabathi. Kwaye uSathana waliphumelela, waza walithabathela kuye. Kwaye unamawaka amathandathu eminyaka wokwakha i-Eden yakhe, njengoko uThixo waba namawaka amathandathu yokuzisa i-Eden Yakhe ekuvaleni. Kwaye ngenkohliso, inkohliso yeLizwi, okanye abantu, ngoku eseka eyakhe i-Eden kulo mhlaba, esonweni.

61 I-Eden kaThixo yasekelezelwa ebulungiseni. I-Eden kaSathana isekelezelwe esonweni, ngokuba uSathana sisono. UThixo lilungisa, kwaye ubukumkani bukaThixo basekelezelwa ebulungiseni, noxolo, noBomi. OkukaSathana ukuseka kusesonweni, kwaye isono senkolo.

62 Qaphela indlela akhohlisa ngayo, inkohliso yakhe, njengoko watshoyo uyakwenza. Wathembisa uyakwenza oku. Ingaba wonke ubani uyakwazi oko? Masityhile ku-Isaya, ukuba ufuna ezinye zezi Zibhalo. Ukuba ni . . . Ndifanele ndicaphule ezininzi zazo, ndiyaqikelela. Masityhile ku-Isaya isahluko se-14, nje ithutyana, size nje sibone into uSathana wayitshoyo apha, nje ithutyana. Ku Isaya 14, siyakuyifunda, kwaye qwalasela indlela lomfo wenza ngayo. U-Isaya 14, siqale kumqolo we-12.

> *Utheni na ukuwa ezulwini, Owu Lusifa, nyana wesifingo! Ukunqunyulwa uwe emhlabeni, mngquli weentlanga!*
>
> *Wena ke wathi entliziyweni* yakho*, Ndiyakunyukela ezulwini, Ndiyinyuse itrone yam ibe ngaphezu kweenkwenkwezi* (abo ngoonyana)*, inkwenkwezi zikaThixo:* ndize *ndihlale kananjalo entabeni yentlanganiso, . . .e*gontsini *yasentla:*
>
> Kwaye *ndiyakunyuka ngaphezu kweziganga zamafu;* ndi*zifanise nOsenyangweni.*

63 Ngoku thelekisa oko gapha kunye nezinye zethu iZibhalo ngaphaya kwabaseTesalonika, kwixesha elidlulileyo, indlela atsho ngayo, "Uhlala etempileni kaThixo, eziphakamisele ngaphezu kwako konke okubizwa uThixo, ukuze yena njengoThixo anqulwe njengoThixo phezu komhlaba."

64 Nanko uthixo welihlabathi endishumayele ngaye kuni malunga neCawa edlulileyo. Nanku enguye namhlanje enkohlisweni, laa yure yokungathembakali, elaxesha likhulukazi esiphila kulo. Lelona xesha lizukileyo kakhulu kunazo zonke izigaba, ngokuba sijongenene neMillennium kwakhona; sijongene ne-Eden kwakhona. Kodwa kanye kwesi sigaba, yonke inkohliso nalo lonke iqhinga elakhe lasetyenziswa nelakho lanakho ukukhohlisa, uqokelela wonke ewahlanganisa ezomeleza; esihlela ezantsi njengoThixo, kwaye uzibeke endaweni kaThixo; onenkolo, kwaye angacaphula iSibhalo kwaye angakuxelela iSibhalo, njengoSathana wenzayo ku-Eva

emyezweni we-Eden. Kodwa ashiye indawo enye yaLo, kuko konke afanele kukukwenza, enza esasikhewu, apho ityhefu yemfundiso kamtyholi inokugalelwa ngaso, njengeNtluzo yendoda ebesithetha malunga nayo ngobunye ubusuku.

65 Ngoku, uthe uyakuziphakamisa ngaphezu kOsenyangweni; uyakuzinyusela ngaphezu kwamafu neenkwenkwezi, kwaye uyakuhlala apho njengoThixo, aze abe ngaphezu kOsenyangweni. Kwaye uphumelele ekuqhubeni izigrogriso zakhe. Ngenene ube nempumelelo emangalisayo ekuqhubekekeni izigrogriso zakhe, ngenxa yabantu abamvumeleyo acacise ebakhukulisa, kuso sonke isigaba, kwixabiso lesithembiso seLizwi likaThixo kwesa sigaba. Leyo yindlela ngenene enze ngayo. Kuso sonke isigaba, uLicacise elisusa.

66 Ngemihla kaNowa, wacacisa ukuba kwakungenakwenzeka okokuba yona inethe isuka ezulwini, kuba, "akukho mvula phezulu phaya." Ubunzululwazi bakhe obukhulu bevangeli owabushumayelayo emyezweni e-Eden! Wayenokudubula izixhobo enyageni aqondakalise ukuba akukho mphunga phezulu phaya. Kodwa uThixo wathi kuyakuza imvula. Kodwa uSathana waphumelela, watyhefa ingqiqo yabantu, ngophando lwezenzululwazi, ukuba, "yayingenakwenzeka." Kodwa yenzeka. UThixo wathi iyakwenzeka, kwaye yenzeka. Wenza.

67 Ngoku, emihleni ka—kaYesu, wenze kwa into enye. Watyhefa ingqiqo zabo kwakhona ngenkohliso, yabona, ukutolika ngokungekuko iLizwi. "Ukuba UnguNyana kaThixo, ngoku mandikubone Wena usenza into ethile malunga nayo."

68 UYesu zange amhlekise. Zange ayenze. UThixo akangomhlekisi. Akanyanzelekanga aphendule nantoni uSathana ayibuzayo. Kuphela ufanele . . . UYesu wathi, "Kubhaliwe, 'Akusayi kuphila . . . Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngawo onke Amazwi aphuma emlonyeni kaThixo.'" Yabona, Wayenganyenzelekanga ukuba ahlekise, kuye. Wayenganyanzelekanga ukuba enze isonka. Wayenokuyenza, kodwa Wayeyakuba uphulaphule kumtyholi, ke Wafanela angaphulaphuli kumtyholi.

69 Kwaye kwakhona sisono senkolo, njengasekuqalekeni, ikhohlisa kakhulu. Yiqaphele ngoku. Ayisosono nje sinyulu sidala semihla yonke, ukukrexeza nokunxila, nokusebenzisa iGama likaThixo ngelize. Asiyilonto. Hayi.

70 Uyakhumbula kwiminyaka eyagqithayo, abaninzi benu apha, abakudala, niyakhumbula intshumayelo endayishumayelayo, kwi, *Ukuphoxeka Emgwebeni*. Ihenyu, alizukuphoxeka phaya. Liyazi apho liya khona. Inxila alizukuphoxeka phaya. Unosmokolo, umgcakazi, ixoki, isela,

alizukuphoxeka. Kodwa, la mntu ucinga ulungile, nako ukuphoxeka.

71 Lowo ngumfo, othi, yitsho, "Nkosi, andishumayelanga iVangeli, andikhuphanga iidemoni, eGameni Lakho?"

72 UYesu wathi, "Yimkani kuni . . . kuM, nina basebenza okungendawo. Andizange ndanazi." Nako ukuphoxeka, yabona, laa nkohliso.

73 Yilonto ndigxininisayo . . . kulapha ndingaqondwayo. Asikukuba ndifuna ukwahluka. Andifuni kwahluka, kodwa kufanele ndinyaniseke. NdinoMyalezo, kwaye Wona ufanele uye ebantwini. Indenze ndingaqondwa kakhulu phakathi kwabantu. Bacinga ndichasene nomntu wonke. Bazi kuphela, ndingowomntu wonke, kwaye ndizama konke okwam ukubazisa kokuyiNyaniso, njengoko kubekiwe entliziyweni yam kunye nendlela ebekiweyo eBhayibhileni apha. Kwaye uThixo uqondakalisile ukuba yiNyaniso, ke akukho nto engenye enokwenziwa malunga nayo. Ke, makube bejonga kuYo, okanye abenzi njalo.

74 Yabona, abafuni kuYibona, ngokuba selebethengisiwe, bathengise ubuzile babo kumbutho othile, kwihlelo elithile; ukulinga ubuzibulo babo, ukungena eZulwini phezu kogcwangciso lwenkolo ethile, leyo uSathana ayintloko yayo lonke isuntswana layo. UThixo zange abe nogcwangciso lwenkolo, zange. Kwaye bathengise kulanto, apho bona, ingquba labantu, litolika iLizwi bathi Lithetha *oku* kwaye Lithetha *okuya*.

75 UThixo akadingi mtoliki. Uyazitolikela Yena Ngokwakhe. Akadingi namnye ongomye ukuba aMxelele indlela yokwenza. Ungozimele geqe. Utshilo ukuba Uyakuyenza njani, kwaye leyo yindlela ekufanele Agcine iLizwi Lakhe. Xa Wathi, "Le miqondiso iyakulandelelana nabakholiweyo," Wayethetha kanye oko. Nantoni na Ayitshiloyo iyenzeka, Wathi iyakwenzeka kule mihla yokugqibela, okokuba Uyakwenza izinto ezithile, kwaye Wayenza. Akanyanzelekanga ambuze namnye umntu ukuba lixesha okanye hayi. Uyazi xesha liphi, nokuba yintoni icebo.

76 Ngoku, uSathana, lo mkhohlisi, njengoko kuthethwa ngaye kuMateyu 24:24, ngamaninzi amaqhinga akhe. Ngoku, siyafumana oko ngenkqubo yakhe yevangeli yolwazi, imfundo engcono, izimilo ezingcono, impucuko, nanjalo njalo, ubathakathile abantu abafuna ukukhonza uThixo, ekubeni bakholelwe ubuxoki bakhe.

77 U-Eva zange afuna ukuyenza lonto, kodwa wambonisa indlela eyayilumke ngakumbi ngayo kuyo. Wayengazi; wayefuna ukwazi. Wayengaqondi, kodwa wafuna ukuqonda. Kwaye uThixo wamxelela ukuba angazami kuqonda.

78 Ndingayiqonda njani nayiphi yezi zinto? Andinakuziqonda. Ndiyazikholwa. Akudingeki ukuba ndiziqonde zona. UThixo lukholo, hayi ukuqonda. Sikholwa nje koko Akutshiloyo.

79 Ngoku, thelekisa i-Eden kaThixo kwekaSathana ngoku, emva kwamawaka amathandathu eminyaka okugqwetha kotoliko lwenyaniso lweLizwi likaThixo elithenjisiweyo kwisigaba. Masiyithelekise ngoku, kwaye sibone apho sifika khona. Njengoba wenzayo ebandleni nge—ngexesha likaKristu, likaYesu, ezama ukugcinela—ukugcinela abantu emva oonyana bakaThixo abathembekileyo ukuba bangayazi iNyaniso. Lowo nguThixo. UThixo ubeka oonyana Bakhe apha, iimpawu Zakhe, ukuba badlelane naYe ngokuva iLiwi Lakhe.

80 Kungathini ukuba uyihlo ukuxelele, kwaye ungunyana othembekileyo kuyihlo, kwaye ukuxelele, "Nyana, sukuya kulaa manzi phandle phaya, uqubhe, ngokuba kukho iingwenya kulamanzi"; aze umfo eze emva, athi, "Ngokuqinisekileyo, amahle kakhulu amanzi anjengalawa, akukho zingwenya kuwo"? Ngoku ngubani azakuphulaphula kuye? Ukuba ungunyana wenene, uyakuphulaphula kuyihlo.

81 Kwaye unyana wenene okanye intombi kaThixo ithatha iLizwi likaThixo kuqala. Andikhathali nokuba nabani uthini malunga nalo, bathatha iLizwi likaThixo kuqala. "Kukho ityhefu ekomityini," kwaye bayayikholwa.

82 Ukuba nokholo kulo lonke iLizwi Lakhe, iiMbewu Zakhe, zazisa i-Eden yobungcwele, uthando, noBomi obunguNaphakade. Yilonto i-Eden kaThixo yayivelisayo, ubungcwele. Kwaye yazisa i-Eden yobungcwele, yothando, ukuqonda, ingqibelelo, noBomi obunguNaphakade. Yilonto uThixo ayityalayo, iLizwi lakhe, iMbewu Yakhe. Yilonto iBandla Lakhe eliyakuba yiyo ekugqibeleni; Liyakuba yinto ekwanye.

83 Qwalasela, apha kukho ingcabango. Ungayilibali. Ndiyakufika kuyo ngelinye ixesha okanye omnye uMyalezo. Kodwa, niyazi, uThixo wathi, "Mayithi yonke imbewu ivelise ngokohlobo lwayo." Ingaba ngumthetho kaThixo lowo? Ngoku ulunge ngantoni umshumayeli, okanye nabani ongomnye, ezama ukwenza ela Lizwi litsho into ethile engenye? Yabona, lonke iLizwi likaThixo yiMbewu. Watsho njalo uYesu, "IMbewu umhlwayeli wahlwayela." Ke ukuba uMarko 16 liLizwi likaThixo, liyakuvelisa ngokohlobo lwalo. Ukuba uMalaki 4 liLizwi likaThixo, liyakuvelisa ngokohlobo lwalo. Kwaye sonke esinye isithembiso esingesinye masivelise ngokohlobo lwaso.

84 Niyabona, yabona uSathana phandle apha ezenze nto yimbi? Uzama ukuthi, "Ayinjalo, ayinjalo." Uyayiqonda? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Bona, uSathana esithi, "Owu, Oko asikokwawo lo mhla. Oko, oko—oko ko . . . Oko kwakukokwelinye ixesha. Oko, oko akuthethi nkqu oko."

85 “Yonke imbewu mayizise ngokohlobo lwayo.” Yiloo ndlela uThixo waseka ngayo i-Eden Yakhe. Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kwaye nantsi iyiyo, yiloo ndlela uThixo waseka ngayo iBandla Lakhe, Lonke iLizwi ngokohlobo Lwalo! “Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo.” Yabona? USathana, uyakuthatha into engenye. Kodwa uThixo wathi, “Yonke imbewu ngokohlobo lwayo.”

86 Ukuba isithembiso sithe, “Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo.”

87 Ngoku ibandla lithi, “Joyini icawa. Cengceleza imvumonkolo. Yazi ikhathekism.” Akukho nto injalo kwiBhayibhile yonke.

88 Kodwa uYesu wathi, “Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholiwe: eGameni Lam bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha; ukuba babambe iinyoka ezinobuhlungu, okanye basela into ebulalayo, ayisayi kubenzakalisa; ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphiliswa.” Ngubani umntu onokuphika Lonto? Yabona?

89 “Yonke imbewu iyakuvelisa ngokohlobo lwayo.” Ukuba uyimbewu kaThixo, uphawo lwakhe, unyana kaThixo, ngoko iLizwi likaThixo lityalwe kuwe. Yabona? Kwaye ngoko xa usiva iLizwi likaThixo, “Ezam izimvu ziyaliva iLizwi Lam; ongaziwayo aziyi kumlandela.” Niyayifumana? “Ngoko yonke imbewu izisa emva kohlobo lwayo.”

90 Ngoku siyafumana, okokuba yonke imbewu ivelisa ngokohlobo lwayo, kwakungekho kufa kwentsha . . . kula Eden. Akusayi kubakho kufa kwi Eden entsha. Yabona, kwakungekho, akukho nto yimbi kuphela bubungcwele, ubunyulu, noBomi obunguNaphakade.

91 Ngoku, ngokungakholwa kulo lonke iLizwi likaThixo, kwazisa imbewu yokungabingcwele kwi-Eden kaSathana. Ngoku singena apho uSathana athabatha itrone, njengomchasikristu, kuyo i—i-Eden yalomhlaba, i-Eden yesono, inkolo egqwethiweyo. Zange aqale phezu ko, “NdinguSathana. Ndiyingelosi enkulu.” Hayi, hayi phezu koko, kodwa phezu kokugqwetha iLizwi likaThixo. Kwaye leyo yindlela awazisa ngayo ubukumkani bakhe, kuso sonke isigaba. Kwaye ngoku kwesi sikhulu isigaba senkohliso, elungele ukuthatha itrone yakhe, ngabantu bakhe! Uzakhela eyobukrelekrele, yemfundo, yenzululwazi i-Eden; kanye, abenzululwazi abashumayeli, icawa yenzululwazi, ezakwalizwi zenzululwazi, yonke into yinzululwazi. Yonke into ikwimiqathango yolwazi. Ibandla lonke lakhelwe phezu kolwazi. Alwakhelwanga phezu kokholo.

92 Ngelinye ixesha ndaya kubamba umhlangano kwicawa yendoda. Yayiliholo elikhulu entshona. Indoda elungileyo, kwaye yayiziphika ezi zinto esithetha ngazo. Kodwa noko,

yayi . . . Ndandiyithanda; indoda elungileyo, indoda endala. Xa ibandla layo laphumayo . . . Lalihlalisa malunga namawaka amathandathu abantu. Xa ibandla layo laphuma, emva kwenkonzo yasemva kwemini, malunga namakhulu alishumi elinesihlanu, babenxibe kakuhle bonke bekrelekrele. Ndahlala phaya ndababukela.

93 Yashumayela elunge kakhulu intshumayelo, yenza njalo indoda. Emva koko yacela ukuba nabani ofuna ukwamkela uKristu; nje baphakamise izandla zabo. Kwaye akwabikho namnye abaphakamisa izandla zabo. Kwaze ekugqibeleni umfazi waphakamisa izandla zakhe. Yathi, "Kuhle, ngoku ungumKristu," yaza yamsa kubhaptizo. Kwaye xa yaphumayo . . . Yasikelela usana, yaluphuza usana oluncinci yaza yenza umthandazo kulo, yaza yandulula isihlwele.

94 Xa ibandla layo laphumayo; lonke lilihle, lifundile, abafundileyo abantu. Ngoko ndandimi phaya ecaleni, ukuxhawula isandla sendoda ndize ndimnqwenelele ubabalo lukaThixo, njengoko yayiphuma.

95 Kwaye xa ndakwenzayo oko, nako kusiza isihlwele sam singena. Babengenakho ukubangenisa ngelixa isihlwele sayo sasilapho. Nako kusiza esam, kwizitulo zamavili, amakhuko ezigulana, idyasi ezimikhono ingangobekiyo, abaphambeneyo, nayo yonke into engenye. Yabona umahluko? Yilonto. Yilonto endithetha ngayo, yabona. Yabona, yinto eyahlukeneyo.

96 Xa, ngolwazi lwenzululwazi ungenza iVangeli *yokuqonda*, okokuba, wena, "lowo ukholiweyo kuYesu Kristu akayi kugwetywa," yabona.

97 Kodwa, "Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholiweyo," yabona, wasilela ukubeka Oko phaya, yabona. Lakholwa kuYesu Kristu, lasindiswa, ukuba le miqondiso ilandelelana nekholwa.

98 "Kwaye lowo olivayo iLizwi laM," hayi ukuzingqibela, hayi ukuva lona ngeendlebe, kodwa, "ukuLiqonda." Wonke ubani angaLiva; othengisa ngomzimba angaliva Lona aze ahlale ethengisa ngomzimba; yabona, inxila lingaliva Lona; ixoki lingaliva Lona lize lihlale lilixila. Kodwa, "Lowo uthi aliqonde iLizwi lam, aze akholwe kuLowo ondithumileyo Mna, unoBomi obungunaphakade." Nako apho ukhoyo, yabona.

99 Kwaye akukho mntu onokwenza oko ngaphandle kokuba wonyulwa kwangaphambili nguThixo. UYesu wathi, "Akukho mntu unokuza kuM, ngaphandle kokuba uBawo Wam amtsale, kwaye bonke athe uBawo andinike bona Mna bayakuza kuM." Amen. Konke kukuzimela geqe nolwazi lwangaphambili lukaThixo. Uyaziphilelela kwaye akukho mntu uMxelela amakakwenze.

100 Ngoku, ngokungakholwa, ukuba asikokuthetha ngeLizwi likaThixo, lizise imbewu yokungakholwa, ukungabingcwele,

intiyo, nokufa, kwaNaphakade kukwesi sesono, sikrelekrele isigaba sebandla. Ngoku niyifumene? Kulo mhla, okokuba xa lonke ihlabathi lilelenkolo! Beniyazi lonto? Ihlabathi lonke lilelenkolo. Kwaye kwesi sigaba senkolo, iicawa ezinkulu kuyo yonke indawo; yonke into, yonke into iqukumbelekela ekubeni uSathana anqulwe. Nantsi apha, kanye paha eBhayibhileni. Injalo lonto. Kwaye kwezi zikrelekrele, zezakwalizwi izikolo ezivelise abantu abakrelekrele abaqeqeshiweyo indlela yokuthetha, indlela yokwenza, indlela yokwenza imizwa yabo; nayo yonke nto njengepsychology, isithathu nesine seminyaka, sokwazi indlela yokuqubisana nengqiqo yomntu. Yabona, iyi . . .

101 Umoya kaThixo asiyonto enjalo, wena, efundisiweyo kuwe. Yinto enyulelwe kuwe ngexa elingaphambili, ngesandla sikaSomandla uThixo. Amava akho awanakufundiswa okanye afundiswe kuwe. Anyulwe kwangexa langaphambili, ngesandla sikaThixo nolwazi lwangaphambili lukaThixo, kuwe. Injalo lonto.

102 Ngoku, izisa lena inkulu i-Eden abaphila kuyo ngoku, i-Eden yebadla lehlabathi. Bayahlangana bebuthelana bonke ngoku kwelikhulu Iqumrhu Likazwelonke, kwaye bazakuba nebandla lehlabathi lonke lisihlela kwintloko enye, apho uSathana uyakuthweswa, kanye ngokuchanekileyo.

103 Kwaye ubizo lokugqibela liyaphuma, ukubambisa uMtshakazi phambi kokuba Angena kulanto. Kuba xa athe wabaphaya, uyakuthatha uphawo lwarhamcwa, kuphele ngaye, akasokuze aphume kulo. Seso sizathu, ndisithi, "Phumani phakathi kwabo, bantu baM," phambi kokuba iye kuye, yabona. "Phumani phakathi kwabo, nize nahluke."

104 Ngoku, intiyo nokufa, nokwahlukana kwaNaphakade kuThixo, kule Eden; inkanuko, ubunyhukunyuku, ugqwetheko, (njani?) ngokutyala imbewu engeyiyo.

105 Indikhumbuza umbono endawubona phambi ndakhe ndadibana nabantu bamaPentekoste, walaNdoda ijikeleza ihlabathi, ikwezimhlophe. Nindivile ndiyixela amatyeli amaninzi. Kwaze omnye weza emva kwaYo, ehlwayela iimbewu zonkungangqinelani.

106 Kodwa yaphumelela ngokulula, ku Eva . . . emyezweni we Eden, ngenkanuko ka Eva yesono; inkanuko ngo Eva, yesono. Ngoko, ukuba u-Eva wakhanukela ulwazi, yayisisono.

107 Kwaye xa sikhanukela ulwazi, sifuna iPh.D., LL.D., kusisono ukwenza lonto. Leyo yintetho egadlelayo, kodwa oko yiNyaniso. Akukhathaliseki igadlela kangakanani, iseyiNyaniso, yabona. Ukukhanukela ulwazi, ukuqonda!

108 Into yayo, yile, namhlanje asizami kuseka iLizwi likaThixo ezintliziyweni zabantu. Sizama ukuseka iziqu zethu. AmaBandla azama ukuseka imfundiso yecawa, entliziyweni yomntu.

109 Siyalelwe ukuseka iLizwi likaThixo. UPawulos wathi, “Andizanga kuni ngamazwi alalanisayo omntu, ukuze ukholo lwenu luphumle elwazini lomntu; kodwa ndize kuni emandleni; ekubonakalisweni kukaMoya oyiNgcwele, ukuze ukholo lwenu luphumle kuThixo.” Nako ke apho ukhoyo.

110 Umntu makangaseki isiqu sakhe. Siyayifumana phakathi . . . Mayibe nguThixo owenzela umntu into aze amthume, ufumana wonke umntu ezama ukulinganisa. Yabona, bazama ukuseka iziqu zabo. Wonke umntu, “Ndenze oku. Ndim, mna, yam, ihlelo lam, mna, lena,” beseka iziqu zabo. Yintoni esishumayela ngayo, iziqu zethu okanye ubuKumkani bukaThixo?

111 Misela iLizwi likaThixo. Susa ukungakholwa uze useke ubuKumkani bukaThixo entliziyweni yomntu. Kwaye ubuKumkani bukaThixo abunakusekwa entliziyweni yomntu ngaphandle kokuba uThixo uyenze njalo. Akanakusekwa e . . .

112 Kwaye, khumbula, indawo ekhohlisayo, ethi abantu bacinge ukuba ilungile. Yabona. “Kukho indlela ekhangeleka ilungile emntwini.” Wonke umntu okrelekrele ukhangeleka elungile.

113 Njengoko ndinixelele kwiCawa ezimbalwa ezigqithileyo; xa ndema ngakusana lwam olufayo, kwaye uSathana emile phaya wathi, “Nako utata wakho, wafela ezingalweni zakho ngobunye ubusuku. Nako umfazi wakho elele ezantsi phaya kwi—kwindawo yezidumbu, kwaye nalu usana lwakho lusimka. Kwaye umcelile Yena ukuba akuphendule, kwaye Útsale eyakho . . . Utsale ikhuselo walihlisa phezu kwakho. Ngoku, kwaye noko ÚnguThixo olungileyo, kwaye noko uthe WayenguMphilisi. Kwaye nina, abemele oko nithi kwakulungile, niphosisile.” Owu, sonke isizathu, yonke idawo yengqondo yayifanele ivume ukuba oko kwakulungile; kwaye wayechanile, kangako.

114 Ke wayechanile xa waxelela u-Eva, “Amehlo akho ayakuvuleka, kwaye uyakwazi okulungileyo nokubi. Kwaye uyakuba njengoothixo, ngala ndlela, usazi okulungileyo kokungalunganga,” ngokuba uThixo akavumanga ukuba bazibone ngeloxesha, okokuba babeze. Ke babesazi babeyakwazi okulungileyo kokubi; kwaye wayelungile. Kodwa, uyabona, yayichasene kwiLizwi likaThixo.

115 Kwaye benza njalo abalungiseleli kwizikolo zakwalizwi, bafunda eyenziwe ngumntu imfundiso yezakwalizwi; ingakhangeleka ilungile, ingaba kukuqonda okulungileyo kwento, kodwa ayilunganga.

116 Akudingeki siLiqonde. SiyaLikholwa ngokuba uThixo uthe injalo, kwaye igqityiwe naphakade. Yonke into, yindlela yokuLikholwa.

117 Owu, indlela u-Eva wakhanukela ngayo ukuba nePh.D., indlela, awakhanukela ngayo ukuba ngochubekileyo kunokuba wayenjalo!

118 Qwalasela zifana ngakanani, indoda nomfazi wayo... Ngoku qwalasela, indoda nomfazi, bobabini beze emyezweni we-Eden, i-Eden kaThixo.

119 Ngoku ndizakuvala. Ndithe ndizakubamba nje imizuzu embalwa. Khangela, qaphela ngoku, kusavalwa.

120 Thelekisa oku ngoku, zifana kangakani ukuba indoda nomfazi wayo, bobabini kwi Eden kaThixo, kungekho namthungo wampahla kubo, kwaye bengazi. Ngoba kutheni babengayazi lonto? Ngoba babegqutyuthelwe kwimizwa yabo yokubaze, ngesiGqubuthelo esiNgcwele, sikaMoya oyiNgcwele. Babenokujonga ngqo komnye, kwaye bengazi ukuba baze. Babegqutyuthelwe ngoMoya oyiNgcwele, wobungcwele. Babegqutyuthelwe.

121 Isigqqubuthelo sikaThixo, kodwa namhlanje, sinokujonga size singakhanuki. Bajika intloko yabo. SisiGqubuthelo esiNgcwele, yabona, isigqubuthelo esiNgcwele. UThixo wenza amehlo abo...bobabini, omnye eyindoda nomnye engumfazi, kwaye bengazi ukuba babeze, ngokuba ubungcwele bukaThixo bawagcina amehlo abo egqutyuthelwe. Qwalasela, uThixo wafihla isazela sabo kwisono, ngesiGqubuthelo esiNgcwele.

122 Ndinqwenela besinexesha lokunaba koko, imizuzu embalwa. Jonga apha, "Kuba yena, umnquli othe wathethelelwa," maHebhere, "umnquli xa athe wathethelelwa, akaphindi abe nasazela esonweni." Isono sigqithile kuye.

123 Ndivile uMzalwana uNeville esithi, ngale ntsasa; othile mhlawumbi ebembuza kutheni ndingashumayelanga ngoMoya oyiNgcwele, kutheni ndenze *oku*. Nantsi. UMoya oyiNgcwele sisenzo kuwe. BuBomi, hayi imizwa; hayi ukholo oluthile lobungqina benyama. Kodwa NguMntu, uYesu Kristu, iLiwi likaThixo lisekwe entliziyweni yakho, ukudlisa ubomi lonke iLizwi lesi sigaba. Injalo. Qaphela uMoya oyiNgcwele usebenza, hayi kangako kudandalaziso; kodwa, ekusebenzeni, oko Akwenzayo eLizwini.

124 Qwalasela ngoku uMoya oyiNgcwele, weLizwi eliNgcwele likaThixo, lunendoda nomfazi beze, kwaye bengayazi lonto. Obunjani ubuhle, uBomi beLizwi; iMbewu, iLizwi!

125 UThixo wathi, "Kukho umthi embindini womyezo, umfazi. Kwaye embindini womyezo ngulo mthi; ungaze uwuchukumise. Kuba, mhla wadla kuwo, loo mhla uyakufa." Babegqutyuthelwe ngcwele kuwo, bengazi nto malunga nawo, bengayi kuwuchukumisa.

126 Babegqutyuthelwe ngcwele. Babekhuselekile kwindawo kaThixo. Babephila. Babengenakufa kubangqongileyo. Haleluya! Babenothando olungqibeleleyo omnye komnye, uBomi obugqibeleleyo naphakade. Babenothando olugqibeleleyo, ukuqonda okugqibeleleyo kothando lukaThixo. BabeneLizwi

likaThixo, Kwaye beLigcinile. Kwaye babephila bekhuselekile emyezweni i-Eden, kungekho kufa, konke konke, phaya.

127 Emva koko, uSathana wafumana u-Eva ukuba aphulaphule ivangeli yakhe yezakwalizwi, ivangeli yolwazi, imfundo ephakamileyo, izimilo eziphakamileyo, impucuko engcono, imfundo ephakamileyo, nanjalo njalo; emva koko xa wafumana . . . ukuba yena eme aphulaphule kuye umzuzu, ekuqiqeni kwakhe (ntoleyo esiyaliweyo siyinyhashe), xa wamfumana ukuba aphulaphule kuyo.

128 "Ngoku, jonga apha, ibandla ngu*zibani no zibani*. Libe lisekiwe ixesha elide. Silelona bandla lidala elizweni. Usodolophu wesixeko uyaya." Andikhathali nokuba yintoni, yabona. Ukuba ichasene neLizwi likaThixo, chasana nayo. Elo lutshaba lwakho. Yonke into echasene neLizwi lutshaba lwakho.

129 Yonke into ehambisana neLizwi ngumzalwana wakho. Yinxalenye yakho.

130 Qwalasela, wahluba isiGqubuthelo sobuNgcwele, ukubona isondo eneneni linjani; thelekisa oko, inkanuko eneneni injani. Wahluba isiGqubuthelo wasisusa emehlweni akhe, into engcwele athe uThixo wayibeka emehlweni akhe. Wafuna ulwazi, ukuze azi yayimalunga nantoni; ke wahluba isiGqubuthelo wasisusa ukuze abone yayingantoni. Waphulaphula kumtyholi, kwaye qwalasela yenjani indawo eyambeka kuyo.

131 Benze into ekwanye kuso sonke isigaba emva koko, besoloko bethatha icala lobukrelekrele; kwaye ngoku bakhe ubukumkani bukaSathana, ulwazi, imbewu yakhe awayihlwayelayo, kwaye lithathe ihlabathi laba yi Eden yokufa.

132 Ngoku qwalasela. Ngoku jonga kwiSityhilelo 3, Isigaba Sebandla laseLawodike. Yincinge engcingeni yakho.

133 Ngoku qwalasela. Yena, u-Eva, yinkumkani kaSathana. Yabona, uSathana, inyoka, yafika ku Eva phambi kokuba u-Adam afike kuye. Yabona? Injalo lonto. Ke wamlukuhla, yabona; ke uSathana, inyoka, yayingumyeni ka-Eva phambi kokuba u-Adam wamazi. Yabona, wamlukuhla. IBhayibhile ithe wayenza, kwaye wazi ukuba wayeze, ngoko. Yabona?

134 Ngoku jonga kwi—kwiSigaba seBandla laseLawodike. Yena, u-Eva, uhleli njengekumkanikazi kaSathana. "Utyebile ngezinto zehlabathi; yimfama, uze kwakhona, kwaye akayazi lonto," njengoko kwakunjalo e-Eden kaThixo. Kodwa ngoku, hayi kuba isiGqubuthelo esiNgcwele siphezu kobuso bakhe, kodwa isigqubuthelo senkanuko. Okokuba, wahluba isiGqubuthelo esiNgcwele sikaThixo, waza wabeka isigqubuthelo solwazi, inkanuko. Kwaye ngoku unesigqubuthelo senkanuko, okokuba yena "uze" kuyo ekubeni sisono. Yena "uze" esitratweni, "kwaye akazi." Ungumthengisi ngomzimba esitratweni. Abafazi nezizimfutshane bezinxibile, ebusweni bukaThixo, ngumthengisi ngomzimba, "kwaye abayazi lonto."

135 Ngoku, thatha abafazi bethu. Ngoku, ukuba ufuna ukubona yeyiphi imeko ibandla elikuyo, qaphela indlela abafazi abenza ngayo. Basoloko bemele ibandla. Kwi Eden kaSathana, yesono nokungakholwa, ugqwetheko lwenkolo; ubukumkani obugqwethekileyo. Endaweni yokuthatha iLizwi likaThixo, bathathe imfundo yobukrelekrele bomntu. Kwaye endaweni yokuthatha iBandla, bathathe umbutho, kwaye bawuzisa kwintloko enye enkulu.

136 Ngoku qwalasela, ukugqwetheka ebumsulweni. Sanukukuphosa oku ngoku. Ibandla libe linesisigqubuthelo senkanuko. Qwalasela senze ntoni kuye. Si—simgqwethile ukusuka kubumsulwa ukuya kulwazi. Yabona? IsiGqubuthelo esiNgcwele, wayemsulwa; enesigqubuthelo senkanuko, ululwazi. Ùyazi iyayolisa. Ùyazi yenza ntoni, yabona. Sisiqhamo, umthi onqwenelekayo, omenze othile abe sisilumko. Yabona? Ugqwethekile ukusuka kubumsulwa ukuya kulwazi, ukusuka kubungcwele ukuya kubunyhukunyhuku nenkanuko, nokusuka kuBomi ukuya kukufa.

137 Obu kumkani kufanele bufe. Obu kumkani buyakufa! UThixo weZulu uyakubutshabalalisa abususe ebusweni bomhlaba.

138 Qwalasela, kolu gqwetheko, lusuka kwindoda luye kumfazi, nakumfazi luye kwindoda, "kwaye abayazi lonto." Eyona intle imveliso ye-Eden kaSathana, ukuba uyakuqaphela izitrato namhlanje, kubantu bethu bale mihla.

139 Qwalasela, yayingu-Eva awathi uSathana wamsebenzisa ukwenza ukuba one u-Adam ngamandla akhe enkanuko. Ngoku into ekwanye, esenza into ekwanye namhlanje. Qwalasela, iinwele ezinqothulweyo, ubuso obuqatyiweyo, ilokhwe ezikhanukisayo, yabona, uyakwenza oko, kwaye engazi ukuba yonke into yezo zinto zichasene kwiLizwi likaThixo. Ukucheba iinwele, kumenza abelihlazo lomfazi, umthengisi ngomzimba. Ukunxiba ezimfutshane, kumenza ihlazo. Ukunxiba iilokhwe ezikhanukisayo, kumenza othengisa ngomzimba. "Kwaye akayazi lonto," hayi ngenxa yobungcwele bukaThixo; ngenxa yenkanuko kaSathana. Umbiza yena . . . Wambangela u-Adam amkhanuke yena.

140 Wakhulula iimpahla awathi uThixo wamnxibisa zona, emva e-Eden, ukwenzela uhambo lwakhe phaya e—entlango. Wazikhulula. Wazihluba. Xa, uThixo wamombhathisa wonke ngezikhumba; waqalisa ukucheba kancinci ngalo lonke ixesha, ngoku ubuyele emva koko wayekuko ekuqalekeni.

141 Ngoku umfumene u-Adam wakhe ukuba anxibe impahla zakhe zangaphantsi. Indoda inxibe zona ezincinci ezindala zabafazi ezijongeka mfutshane, iphumele ngaphandle apha, andicingi kukho indoda eyoneleyo kuyo. Ingoyena mfazi mkhulu endimaziyo. Yabona? Yabona, umenze u-Adam wakhe

wagqwetheka ukuba enze njengaye, yabona, ukunxiba impahla zakhe zangaphantsi. Ubonile awayenokwenza ngaphaya xa wakhulula iimpahla zakhe kodwa ezo zangaphantsi. Ezo zezimfutshane. Kakade, ezo zimpahla zabafazi zangaphantsi, kwaye apha u-Adam wakhe uyazinxiba ngoku. Ntoleyo, ngokweLizwi lemvelo likaThixo, "Lisikizi ukuba umfazi anxibe iimpahla ezenzelwe indoda, nendoda enxiba impahla ezenzelwe umfazi," ngokweLizwi lemvelo. Yincinge!

142 Ngoku, ngoku iba nezihlwitha, ngokunjalo. Izikama zihle, izenze zibe ngamajikojiko. Eminye enyhukunyhuku imibono endakhe ndayibona ebomini bam, yeyenye yabo bantwana phandle apha namhlanje bezihlwitha zikanywe zehla *ngolu* hlobo, zenziwe imibala, iinwele ezinziwe mhlophe, kunye nohlobo lwesijiki-bala sento, benze mhlophe iinwele zabo, baze baziphothe zibe ngamajikojiko, besenza izihlwitha. Nina bafazi abakhulu! Yinto embi kakhulu ukuyitsho epulpitini, kodwa umgwebo uqala endlwini kaThixo. Anazi nkqu nokuba ningamadoda okanye abafazi. Kwaye ndiyaqonda ukuba eyethu i-United States Army iyalandela iyaphuma inezimfutshane iibhulukhwe. Injalo lonto. Yabona okukuko ukugqwetheka? Ziimpahla zomfazi; inezihlwitha zakhe umfazi.

143 Ngomnye umhla ndandingaphaya, eHoward Johnson; hayi lena apha, kodwa enye endleleni ephumayo. Kwaye ndahlala nje ndimangele. Apha kuphuma inkwenkwe encinci nayo, umlomo wayo uvuliwe. Kwaye ineenwele ezintsudu *apha*, kwaye yazikama *ngale* ndlela; yaza yafaka iziphothisi kuzo, yazenza zajikojiko, phezu kwamehlo ayo; ijonge entla kwamehlo ayo, ijikeleza. Ukuba ndakhe ndabona ugqwetheko! Yabona, ayisayi kuyikholelwa. Ingaqondakalisa mhlawumbi ukuba yindodana, kodwa emoyeni wayo libhinqa. Ayazi icala lendlu engakulo. Injalo lonto. Okunjani ukugqwetheka!

144 Yilonto uSathana ayenzayo. Ugqwetha izizwe. Ugqwetha ibandla. Ugqwetha abantu. Ngumkhohlisi, umgqwethi weNyaniso yemvelo.

145 UThixo wenza indoda indoda. Wenza umfazi umfazi. Kwaye Wabanxisa ngokwahlukeneyo, kwaye Wabenza ukuba bahlala ngaloo ndlela kwaye benza ngaloo ndlela; omnye libhinqa, nomnye liduna. Wamahlula u-Adam emyezweni we-Eden, wenza oku, wahlaula u-Eva kuyo.

146 Ngoku iba nezihlwatha zomfazi; yena ucheba inwele zakhe njengendoda, kwaye yona izama ukunxiba ezayo njengomfazi. Yabona? Yena unxiba impahla zayo zangaphandle, kwaye yona inxiba impahla zakhe zangaphakathi. Ngoku, oko kuvakala kuhlambela inkolo, kodwa andibhekiselelanga ngaloo ndlela. Leyo yiNyanisa yoqobo yeVangeli. Ukuba akuyazi lonto, ngoko kukho into engalunganga kuwe; mhlawumbi uyimfama okanye

zange ube sezitratweni. Kwaye umfazi ucinga nendoda icinga ukuba oko kulungile, bayavana ndaweni ithile.

Abafazi bathi, “Kuhle, kushushu kakhulu!”

147 Amadala amaNdiya angama Apache phandle phaya akwenza intloni ngesiqu sakho. Banobushushu ngaphezulu, ngokobuninzi beempahla abazinxibayo, ukugcinela ilanga kude kubo; owu, kwenza ukubila, ke ungaba neziphozisi-moya njengoko behamba. Yabona? Bama kanye phandle elangeni.

148 Akunakumelana nanto; uyakutyabuka utshe. Kodwa, uyabona, koko ukubiza imfundo ephakamileyo. Inzululwazi yale mihla ivelise oku. Owu, bethu! Nanko apho akhoyo, “uze,” eLawodike, “kwaye akayazi lonto.”

149 Wayeze e-Eden. Yabona izikumkani ezimbini zifana? Obunye bobesono nokufa; obunye buBomi nobulungisa. Khona phaya wayegqutyuthelwe ngoMoya oyiNgcwele. Bobabini babeze; babengayazi lonto. Babengazinto malunga nayo, kuba babegqutyuthelwe ngoMoya kaThixo.

150 Kwaye apha bagqutyuthelwe ngenkanuko, kwaye bajonga omnye komnye ukuze . . . Yabona, u-Adam wayenokujonga ku-Eva, kwaye engazi ukuba uze. Kodwa ngoku ngesi sigqubuthelo senkanuko, akazi umfazi ukuba uze, kodwa ukwenza oko phantsi kwesi sigqubuthelo senkanuko ukwenza indoda ijonge kuye. Kuphela kwento anokuyenzela yona lonto. Akuyikholelwa lonto, kodwa uyayenza nakanjani, kwaye indoda iyajonga. Kwaye yafumana unokuninzi okutsalayo, de ize isondele inxibe ezinye iimpahla zakho kuyo.

151 Owu, olunjani ugqwetheko! Esinjani isigaba! Elinjani ixesha esi . . . Enjani ukukhohlisa! Owu, zonke ezi zinto, “kwaye akayazi lonto,” ogqibeleleyo umoya wogqwetheko usendodeni. Igqutyuthelwe kokusuka kwinkanuko kaSathana, nomfazi unjalo, naye. Ngumoya wobusathana wentlalo enkulu. Yabona, abayazi, kodwa bangumbutho. Abafazi benxibe ezimfutshane, bangabombutho. Indoda njengokuya, isembuthweni. Ndizakunika ushunqulelo lwayo, B.S.S., Big Sister Society [NgesiXhosa: Umbutho Omkhulu Womfazi—Mguq.], ke koko abakuyo. Baphuma phaya, umbutho omkhulu womfazi, kunye nazo ezindala ibhulukhwe ezincinci, ezinkulu ezindala ezikhangeleka pitsekileyo, ezimdaka ukujongeka izinto. Ndi—ndi . . .

152 Ndoda, ngoku ungohluka kum ngoku, kodwa leyo yiNyaniso. Ugqwethiwe kwaye akuyazi lonto. Akuyiyo, sukwenza okwendoda. Yabona, bayathamba kakhulu; kwaye, oonyana babo, abasayi kubayinto kubo kwakhona; madoda, nabafazi, nabo. Bangabahlali. Nanko umbutho. Kutheni? “UJohn, ebumelwaneni, unxibe ezimfutshane, ke kutheni mna ndingenakho? ULuella ufuna mna ndizinxibe zona ngokuba uJohn uyazinxiba, ebumelwaneni. Kwaye, kuhle, ukuba—

ukuba uSusie Jane angazinxiba zona, naye uMartha Jane angazinxiba, okanye uSusie Lou," okanye nokuba ngubani igama lakhe, yabona. Yabona, yintlalo. Ngumbutho. Ngokomoya ungowalonto, kwaye akuyazi lonto.

153 Kwaye ukuba oko kunjalo, kwaye sikubona kunjalo, ke uyimfama. Umfanyekiswe kulamahlelo athe uSathana wajijela kuwo. Kwaye lugqwetheko lweLizwi lemvelo likaThixo, nobuKumkani Bakhe, necebo lakhe ngabantwana Bakhe. USathana ujijele amadoda nabafazi kwezi zinto, kwaye abayazi lonto. Ukugqwetheka!

154 Ayisenguye unyana kaThixo! Izihlwitha zijinga zisehla ebusweni bakhe, kunye nezimfutshana kuye, esihla ngesitrato; unyana kaThixo, umdikoni ebandleni, umalusi epulpitini? Hayi, lowo ayingonyana kaThixo. Zange eze ngeNtluzo kaThixo ecingayo. Ebenganakuba nempahla zabafazi kuye; ngokuqinisekileyo ebenganako; naye umfazi ngokunjalo ebengenakuba neempahla zendoda kuye. Yabona, asingonyana kaThixo. Ngunyana kaSathana, nentombi kaSathana. Yinto enzima ukuyitsho!

155 USathana uphumelele ekugqwetheni nasekuthabatheni eli hlabathi, nokulenza ubukumkani bakhe; awathi umntu wabekwe kulo, ngenkululeko yokuzikhethela, ukuze bazikhethele uhlobo lobomi ababunqwenelayo. Kwaye oko kubonisa oko kusentliziyweni yakho. Yabona? Izwi lakho. . . Uyazi intoni? Izenzo zakho zithetha kakhulu, ziyaligqumelela izwi lakho. Uh-huh!

156 Mandiye emntwini. Ndize ndithi, "Owu, ndi. . . SingamaKristu. Singabecawa." Kwaye abazihlubileyo bexhonywe kulo lonke udonga lwe-ofisi? Huh! Ayisayi kwenza namnye umahluko oko andixelela kona, ndiyakwazi ngcono; ke unjalo nawe.

157 Makathi umfazi ungumKristu, neenwele ezimfutshane? Huh-uh! Wazi ngcono kunoko, yabona. Ewe, mhlekazi. Makathi úngumKristu, eziqabile neziqabi buso, nezimfutshane, aze athi ungumKristu? Wazi ngcono kunoko. ILizwi likaThixo likufundisa ngcono kunoko. ILizwi lithi akanukuyenza aze abe ngumKristu. Uhlazeke nokuhlazeka, nayo yonke into. Uzakuyibeka njani uThixo into ehlazekileyo ebuKumkanini Bakhe? Hayi, mhlekazi, akasokuze. Hayi, mhlekazi. Iziqu zabo, babonisa iminqweno yabo.

158 Akunakwenza ihobe litye nehlungulu, hayi tu. Ihobe alinanyongo. Alinakutya leya indala inyama. Ukuba ithe yaluma kuyo, iyakuyibulala, kwaye iyayazi lonto. Kodwa ihlungulu lingatya phantse yonke into eliyifunayo. Yabona? Linenyongo eninzi.

159 Ke ngoko uyafumana, leyo yindlela eyiyo nehlabathi namhlanje, into enye, "Baze, imfama, kwaye abayazi lonto."

160 USathana wayenza ngenkanuko yomfazi ekhanukela ulwazi, isondo, awathi wayikhetha ngokhetho lwakhe. Ngoku qwalasela, yayingu-Eva owakhokelela u-Adam ekungalungiseni, kwaye yayingumfazi owahluba iimpahla zakhe phambi kokuba u-Adam ahlube ezakhe. Yabona? Ngumfazi, soloko. Yasoloko injalo. Kwaye isekwa yindlela enye.

161 Yicawa ekhokelela indoda ecaleni. Yicawa, yabona, ekhokelela le ndoda ebifuna ukuba ngunyana kaThixo. Ngumfazi, icawa. Hayi iBhayibhile, uThixo, kuba iBhayibhile yindoda. Owu, ehe, "iLizwi lenziwa inyama," kwaye WayeyiNdoda. Yabona? IBhayibhile yindoda; ibandla ngumfazi. Yabona? Asilobandla . . . iBhayibhile ethi ikhokelele indoda ecaleni. Libandla elithi liyikhokelele ecaleni. Libandla awaba ze nalo, hayi iBhayibhile. Yabona? Hayi, inene. IBhayibhile iyayixelela indoda ukuba ize. Ewe, mhlekazi.

162 Ngoku qwalasela kanjani, ngesondo, umnqweno wesondo, umfazi wakhanukela ulwazi, ukuze azi ukuba *oku* kwakumalunga nantoni, kwaye kanjani, nokokuba esi siqhamo sasilungile okanye hayi. Kwaye wayenza.

163 UThixo uyalithabatha alibuyise ngenye imini, nakubeni kunjalo, ngeNdoda. Lanikezelwa ngumfazi. Kodwa yahlungalwa yiNdoda; iNdoda, uYesu Kristu, oliLizwi.

164 Kwaye emva koko yintoni? Qwalasela, ekuvaleni. Apha kungekudala, ndenza le ntetho. Ndinamalunga nesine okanye isihlanu samaphepha ngaphezulu khona phaya, kodwa ndi . . . zeZibhalo nezinto ebendifuna ukubhekiselela kuzo. Kodwa, phulaphula. Masivale, ekuthetheni oku.

165 Khumbulani, apha kungekudala, ndandinifundisa kuMaxilongo Asixhenxe, *Isidlo Samaxilongo,* nanjalo njalo. Ndaza ndathi, "Kukho umnyhadala wesuku lesibhozo." Ke, usuku lesixhenxe iyakuba lolokugqibela, oko kuyakuba yiMillennium. Kodwa kukho umnyhadala wesuku lwesibhozo; ntoleyo, ukuba ibililolwesibhozo, kwaye kukho iintsuku ezisixhenxe kuphela, okuyakwenza usuku lokuqala kwakhona, ibuyela emva kanye kusuku lokuqala. Emva koko, emva kweMillennium iphelile, ngoko kuyakubakho ukusekwa kwe-Eden kwakhona. ObukaThixo obukhulu ubuKumkani buyakubuya. Ngokuba, uYesu wabulwela kuSathana, emyezweni weGetsemane, waza waphumelela wabuyisa i-Eden; ntoleyo, Umkile uyekulungisa eZulwini, ukubuya kwakhona, phezulu eZulwini. Wathi, "Iintliziyo zenu mazingakhathazeki."

166 Xa Wayelapha emhlabeni, wathi, "Nina, nina maJuda, nikholelwe kuThixo. Ngoku, ndiyazi ndinegama elibi," Watsho. "Kwaye bathi Ndik*oku*, o*kunye*. Kodwa, nikholelwe kuThixo; kwaye njengoko nikholelwe kuThixo, kholelwani kananjalo nakuM." Waye enguThixo, ebonakalisiwe. Yabona? "Kholelwani kwangokunjalo ku . . . "

167 “Endlwini kaBawo zininzi . . . ” Okanye, “Kubuncwane bukaThixo, ekucebeni kukaThixo maninzi amabhotwe. Ndiyakunilungiselela indawo.” Khangela inde kangakanani, ishumi elinesihlanu lamakhulu ezikweri zeemayile! Yithi, iphi? Uhambile uyekulungisa. NguMdali. Udala yonke laa golide. Izitrato zezikhazimlayo. NguMdali. Wenza indawo. Ngaphaya kwiSityhilelo 21, wathi, “Kwaye mna Yohane ndabona iSixeko esingcwele, iYerusalem Entsha, isehla isuka kuThixo iphuma eZulwini.”

168 “Kwakungekho lwandle lumbi; izulu lokuqala nomhlaba wokuqala wawugqithile.” Ayeyintoni amazulu ethu okuqala? YayiyiMillennium. Yayintoni umhlaba wokuqala? Yayi koku. Iyakulungiswa ngokuhlaziywa. Njengoko yabhaptizwa ngoNowa, kwimihla yokushumayela kwakhe; yangcwaliswa ngoKristu, njengoko Watshiva iGazi lakhe phezu kwawo; ukuba ulungiswe ngokuhlaziywa, isuse zonke iintsholongwane nayo yonke into kuwo, ekuwulungiseni ngokuwuhlaziya ekugqibeleni, ngobhaptizo loMlilo eliyakubulala zonke iintsholongwane, sonke isigulo, sonke isifo, bonke ubumdaka obakhe bakho emhlabeni.

169 Uyakugqabhuka uvele, uze kuvele uMhlaba Omtsha. “Kwaye ndabona iZulu Elitsha noMhlaba Omtsha. Izulu elidala, lo mhlaba, wawudlule; kwaye kwakungekho lwandle lumbi. Kwaye mna Yohane ndabona iSixeko esingcwele, iYerusalem Entsha, isehla isuka kuThixo iphuma eZulwini.” Apho uThixo eyakube eneempawo zokwenyani Zakhe, oonyana neentombi, apho anokudlelana nabo ebungcweleni, namehlo abo emfanyekisiwe nakwesiphi isono. Akusayi kubasakho nasinye isono ukusukela phaya.

170 Masixunele; sukulukuhlwa kulo mhla, kodwa, “xunela ukungena esangweni.”

171 “Kuba bonke abayakushiywa bayakuba ngabahenyuzi, abakhanuni.” “Nabani na othi ajonge umfazi ukumkhanuka selemkrexezile kunye naye.” Konke ngo . . . ngaphandle iyakuba ngabaziphethe kakubi abafazi, amadoda aziphethe kakubi, nanjalo njalo.

172 Kwaye kuphela ngabo bahlangulweyo, kwaye abaseNcwadini yeMvana yoBomi, bayakungena phaya esangweni. Ke xunelani, zihlobo; sanukulukuhlwa kulo mhla wokugqibela.

173 Eli lixesha elikhulu. Wonke ubani unemali. Wonke ubani angenza *oku*, kwaye wonke ubani angakwenza *oko*, nemali ityhutyha yonke indawo, neemoto ezinkulu, nento yonke. Akusayi kubakho nomye wabo kwesa Sixeko. Akusayi kubakho nemoto enye, nenqwelo-moya enye. Hayi. Yonke iyakuba yimpucuko eyahlukileyo. Iyakuba yimpucuko kwakhona hayi

eyolwazi, hayi eyenzululwazi, kodwa eyobumsulwa, nokholo kuThixo ophilayo.

174 Masixunele ekungeneni koKuya. Leyo yinjongo yam, kukungena kwesaSixeko ngenye imini; ndize ndijonge nje ngasemva, kusiza kunye nam, ndibone wonke ubani wenu ehamba ngesingqi, xa sicula, "abangcwele behamba ngesingqi bengena." Ndifuna ukuba kwela nani xa abangcwele behamba ngesingqi bengena.

Masithandazeni.

175 Thixo waseZulwini Othandekayo, njengoko ezi ntsuku zivaleka, kwaye sibona isondela, isithembiso sisondela. Siyathandaza, Thixo Othandekayo, okokuba Uyakubeka okuya phezu kweentliziyo zethu, ke asisokuze senze nanye impazamo. Thixo Othandekayo, gcina isazela sethu sihlambulukile. Gcina iintliziyo zethu zigqutyuthelwe, Nkosi, amehlo ethu egqutyuthelwe kwizinto zehlabathi, nezinto zelize zehlabathi, uzuko olulambathayo lokuba nguthile omkhulu.

176 Akukhathaliseki bakhulu kangakanani, bonke ookumkani, izilawuli, abanamagunya, nento yonke engenye ifanele itshabalale, kwaye azisayi kuvuka kowesibi . . . kuvuko lokuqala. Ngokuba kubhaliwe, "Unoyolo kwaye engcwele lowo unesabelo kuvuko lokuqala, ntoleyo ukufa kwesibini okungenamandla." Owu Thixo! "Ukufa kwesibini," ukufa okukokomoya, "akunamandla"; Úhlangulwe!

177 Owu Thixo, ukucinga ukuba ngenye yezi yure, othile uyakuhambela omnye, aze afukulwe. "Ababini emandlalweni; athathe omnye, aze ashiye omnye. Ababini entsimini; Ndiyakuthatha omnye, ndize ndishiye omnye."

178 Owu Thixo, sincede sibe nyulu e—emehlweni Akho, Nkosi, akukhathaliseki nokuba umntu ucinga ntoni malunga nathi, nokuba abanye abantu bathini. Nkosi, yenza okwethu okungcwele . . . iincoko zethu zibe nyulu. Mazingqamane nexesha leLizwi likaThixo; zingqamane kakhulu, Nkosi, okokuba kungabikho nkohliso ifumaneka kuthi. Ngelixa singxengxezayo, kwimpazamo zethu, okokuba iGazi likaYesu Kristu liyakuma phakathi kwethu noThixo, ukuze Ajonge ezantsi phezu kwethu ngeGazi likaYesu; hayi phezu kobulungisa bethu, okanye singobani, yintoni esiyenzileyo, kodwa imisebenzi yakhe yodwa. Thixo, siphe!

179 Kwanga kungangabikho othile ohleli apha ngobubusuku nove uMyalezo, kungabikho nomye kubo olahlekayo, kwabona bancinci abantwana ukuya komdala umntu. Yanga iminqweno yabo engcwele ingaba yekaThixo kuphela neLizwi Lakhe. Asazi yeyiphi iyure Anokubonakala ngayo, okanye yeyiphi iyure anokusibiza ngayo ukuba siphendule phezulu ngaphaya eMgwebeni. Asazi yeyiphi iyure Anokwenza, njengoko kwakunjalo, athathe ikhadi lethu kwindawo yawo, athi,

“Lixesha lokuza ekhaya. Ufanele uhambe.” Thixo, sincede singcine ubunyulu. Siphe, Nkosi.

180 Sanga singaphila de kube kuKuza kweNkosi, ukuba kunokwenzeka. Sanga singenza yonke into esemandleni ethu, ngothando ukuqonda, ukuqonda ukuba uThixo uphengulula ihlabathi, namhlanje, efumana yonke imvu elahlekileyo. Kwaye sanga singathetha nabo ngomthandazo ongqamane nexesha wothando neLizwi likaThixo, ukuze sibe nokufumana leya yokugqibela, ukuze siye eKhaya, size siphume kule Eden indala kaSathana apha, Nkosi.

181 Konke kwakhelwe phezu kwenkanuko, nabafazi abahle, njengoko kubizwa ehlabathini, nemiboniso-ntengiso khona phaya, “Siyabonisa, kwaye sifuna amakhwenkwe aze nejem ebusweni bawo, namantombi amahle enxibe iishoti,” kanye koonomathotholo bethu nomabondwakude; nalo lonke uhlobo lobumdaka nobudala, neHollywood; zonke iintlobo zenkanuko, ukungcola, ubumdaka beelokhwe zabafazi. Kunye—kunye namadoda engqwethekile kwaye ethatha izinxibo zabafazi, kwaye echeba iinwele zabo njengabafazi; nabafazi njengamadoda.

182 Owu Thixo, enjani ukuba mbi iyure esiphila kuyo! Owu, yiza, Nkosi Yesu, yiza! Yiza, Nkosi! Sicoce ngeGazi. Susa bonke ubumdaka nenkohliso kuthi. Masiphile, Nkosi, masiphile phantsi kweGazi, okokoko, phambi Kwakho. Ngumnqweno wentliziyo yethu, nesincelo sethu esinyanisekileyo.

183 Thixo Othandekayo, kulele apha kweli qon-. . . okanye ezo, desika, ngobubusuku, apho iVangeli ibekiweyo. Nkosi, apha kulele iitshefu nepasilana ezincinci eziya kwabagulayo nabaxhwalekileyo. Mawuthi umthandazo wokholo, Nkosi, uwe usuka ezintliziyweni zethu ngoku, emehlweni Akho. Emva koko, Nkosi, ukuba kukho nantoni engacocekanga kuthi, Nkosi, susa okwethu. . . sithabathele emgwebeni ngoku; kwaye singxengxezela inceba. Kutyhile kuthi oko sikwenzayo kungalunganga, Nkosi, ukuze sibe nokucela, ukuthatha iGazi lisicoce. Philisa aba bagulayo ubenze baphile, Bawo, nantoni iphumayo, naphina apho baya khona. Mayibe njalo, Bawo.

184 Siphe umxhelo wokukhonza Wena, kwaye Wena wedwa. Siphe, Nkosi.

185 Nika ukhuselo kwaba bathandekayo abantu abasendleleni begoduka.

186 SiyaKubulela ngendlela Ophilise ngayo abantu. NoDade Shepherd nenkwenkwe encinci kaMzalwana uShepherd, yonzakele ebhayisekileni, ndiyathandaza ukuba kungabikho bubi buya phaya; umfo omncinci ekhwele ibhayisekile yakhe, ndiyathandaza iyakulunga. Sibulela Wena ngempiliso yaba bangabanye ebesikucelile. “Kwaye siyazi okokuba oko

sikucelileyo, siyakwamkela, ngokuba sinengqiniseko kuLowo owenze isithembiso."

187 Siphe okwenceba yakho, Nkosi, kwaye uxolele izono zethu, sicela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

188 Niyamthanda Yena? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Niyamkholwa Yena? ["Amen."] Niyagula nidiniwe bubukumkani bukaSathana? ["Amen."] Niyakholwa iza kwiMillennium, kwiMillennium Yakhe; Eyakhe, kwi-Eden Yakhe? ["Amen."]

189 Niyakholwa ibunjwe namhlanje? Khangela, yonke into isekelezwe phezu kobubukrelekrele. Yonke, into yonke, ifanele ingqinisiswe ngobunzululwazi phambi kokuba bayikholelwe.

190 Kwaye akunakumngqinisisa ngenzululwazi uThixo. Kufanele umamnkele Yena ngokholo, "Kuba lowo uzayo kuThixo kufanele akholwe ukuba Nguye, kwanomvuzi wabo bamfunayo Yena ngenyameko."

191 Owu Thixo, andifuni kwazi nanto kuphela iGazi likaYesu Kristu elindicocayo esonweni. Andazi nto kuphela uYesu Kristu. Kwaye njengo Pawulos wakudala watshoyo, ke nditsho ekuhlweni nam, "Andazi nto phakathi kwenu, kuphela nguYesu Kristu, kwaye naYe ebethelelwe."

192 Kuko konke endikwaziyo emandinixelele. Okokuba, le Bhayibhile, ndiyikholwa ngentiliziyo yam yonke (ukuba ndiyayazi intliziyo yam), ukuba leligqibeleleyo elingakrexezwanga iLizwi likaThixo. Ngako Oku ndiyaphila. Ngako Oku ndiyema. Kwaye ukuba ndineshumi lamawaka obomi, ndingathanda ukunikezela nesuntswana kubo ngeli Lizwi, kuba liLizwi likaYesu Kristu. Kwaye andikhathali bangazama kangakanani ukuLiphikisa, inzululwazi izama kangakanani ukuthi aLithembekanga, nanjalo njalo. Kum, Likuphela kwento ehlabathini endinokuyithemba, leli Lizwi. Ungowam Yena. Ndiyamthanda. Aninjalo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

193 Ukuba kukho isono entliziyweni yakho, ukuba kukho isiphoso entliziyweni yakho, ukuba unayo nantoni, thandaza ngoku ucele uThixo akuxolele. Nindithandazele; Ndiyakunithandazela. UThixo akusikelele, ngumthandazo wam.

Side sibuye sihlangane! side sibuye sihlangane!
Wanga uThixo anganani side sibuye sihlangane!

194 Niyathandana? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] UYohane wathi, "Bantwanana, abancinci." "Thandanani, kuba uthando lugubungela inkitha yezono." Ngoku masixhawule isandle somnye.

Wanga uThixo anganani de sibuye sihlangane!

Side sibuye sihlangane! side sibuye sihlangane!

195 Ngoku yibani ngabalungileyo omnye komnye. Yibani ngabalungile kuye wonke ubani. Phatha ummelwane wakho kakuhle. Zingcineni ningenabala de uYesu abuye.

. . . zinyaweni;
Side sibuye sihlangane! side sibuye sihlangane!
Wanga uThixo anganani side sibuye sihlangane!

196 Niyamthanda Yena? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Lowo ngumthandazo wam. Nindithandazele; ndiyakunithandazela. Ndifanele ndibuyele emva eTucson ngoku. Kwaye—kwaye ndiyathandaza ukuba uThixo anisikelele. Ndiyakusuka phaya ndiye eCanada, ndibuyele eColorado; jikelele, jilelele, jikelele, yabona. Kude . . .

197 UMzalwana uTony ungaphaya, kwaye into enkulu yenzekile. Kanye phantsi kweVatican, eRome, babiza imvuselelo, umhlangano, ukuba mna ndiye phaya ndibambe imvuselelo eRoma, eRoma. Usandula ukubuya. Abantu bonke bahlangene. Banendawo enkulu phaya, ihlalisa amawaka ngamawaka, kwaye bafuna mna ndiyele imvuselelo. Bafuna ukubona uzuko lweNkosi kulungiselelo. Andazi. Kufanele ndithandaza ngayo, ndibone yintoni iNkosi eyakundixelela. Owu, bethu! Khumbulani, thandazani, sonke thina ngokuhlangeneyo. Siyasebenza . . .

Siqaphele ukubuya kosikelekileyo owethu uMsindisi,
Khangela, Bonani amagqabi omkhiwane ngoku aluhlaza;
IVangeli yobuKumkani Bakhe iyile kuso sonke isizwe;
Kwaye sikufuphi esiphelweni, singabona.

198 Ingaba injalo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Ngoko ngovuyo kude siyakubabaza uMyalezo wokubonakala Kwakhe okusikelelekileyo,
Kwamsinya Uyeza eluzukweni, ukuza kuxelela omnye nabo bonke;
Ngoko vukani, nina bangcwele beNkosi, kutheni nisozela ngelixa isiphelo sisondela,
Masilungele olwabizo lokugqibela.

199 Liyakujika eNtshona likhwele libuyele emva kwakhona, ngomnye walemihla, yikhumbuleni nje. Ngokuqinisekile liyakwenza njalo. Kwaye oko kunjalo. Kude kube ngoko:

Thabathela kuwe iGama likaYesu,
Mntwana wentlungu nosizi;
Liyakunika uvuyo nentuthuzelo,
Lithathe, naphi apho uya khona.

Gama Elihle (Gama elihle), Owu limnandi kanjani!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu;
Gama Elihle, Owu limnandi kanjani! (limnandi kanjani!)
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

EGameni likaYesu siyathoba,
Sizilahla phantsi ezinyaweni Zakhe,
UKumkani wookumkani eZulwini siyakuMthwesa,
Xa uhambo lwethu lugqityiwe.

Gama Elihle, Owu limnandi kanjani!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu;
Gama Elihle, Owu limnandi kanjani!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu.

200 Ngoku, kulo mqolo wokugqibela, masiyicule ngeentliziyo eziqutyudiweyo ngoku.

Thathela kuwe iGama likaYesu,
Njengekhaka kuso sonke isabatha;
Kwaye xa izihendo zikurhangqile zihlangana, (ezi zinto zobukumkani bukaSathana, yabona, yabona)
Phefumla nje eliya lingcwele iGama ngomthandazo.

201 Kuko konke; ngoko hamba umke. Iyasebenza. Ndizamile. Kholwa nje yiyo ngoku, kuba iyakusebenza. Phefumla nje iGama lakhe elingcwele ngomthandazo.

. . .iGama likaYesu kuwe,
Njengekhaka kuso sonke isabatha;
Xa izihendo zikurhangqile zihlangana, (Wenza ntoni ngeloxa?)
Phefumla nje ela Gama lingcwele. (Isigqubuthelo siyakuza phezu kobuso bakho.)

Gama Elihle (Gama elihle), Owu limnandi kanjani!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu;
Gama Elihle, Owu limnandi kanjani!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu.

202 Masiqubude iintloko zethu ngoku, ngelixa ndicela uMzalwana uBeeler emva phaya ukuba eze apha eqongeni.

[UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela *Thabathela iGama LikaYesu Kuwe*—Mhl.]

Phemfula nje iGama Lakhe elingcwele ngomthandazo.

203 Usinqumamise, Mzalwana uBeeler. Sinqumamise ngomthandazo.

Gama elihle,
Themba lomhlaba novuyo lweZulu;
Gama Elihle (Gama elihle), owu limnandi kanjani!
Themba lomhlaba novuyo lweZulu.

204 Ngoku ngeentloko zethu ziqutyudiwe, neentliziyo zethu ziqutyudiwe. UMzalwana uBeeler, omnye wabancedisi apha, uMzalwana u-Estle Beeler, omhle umKristu womzalwane, indoda ethembekileyo. Ndizakumcela ukuba uyakudululula isihlwele, ngobu busuku, ngomthandazo. UThixo anisikelele, Mzalwana uBeeler.

I-Eden kaSathana XHO65-0829
(Satan's Eden)

Lo Myalezo kaMzalwana William Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngeCawa, ngo-Agasti wama-29, 1965, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2018 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org